
ISIXHOSA LIFE SKILLS

National Curriculum Statement (NCS)

Curriculum and Assessment Policy Statement



Foundation Phase
Grades R-3

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

INKCAZELO YEPOLISI KAZWELONKE YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA

IBANGA R-3

IZAKHONO ZOBOMI

Department of Basic Education

222 Struben Street
Private Bag X895
Pretoria 0001
South Africa
Tel: +27 12 357 3000
Fax: +27 12 323 0601

120 Plein Street Private Bag X9023
Cape Town 8000
South Africa
Tel: +27 21 465 1701
Fax: +27 21 461 8110
Website: http://www.education.gov.za

© 2011 Department of Basic Education

ISBN: 978-1-4315-0427-5

Design and Layout by: Ndabase Printing Solution

Printed by: Government Printing Works

FOREWORD BY THE MINISTER



Our national curriculum is the culmination of our efforts over a period of seventeen years to transform the curriculum bequeathed to us by apartheid. From the start of democracy we have built our curriculum on the values that inspired our Constitution (Act 108 of 1996). The Preamble to the Constitution states that the aims of the Constitution are to:

- heal the divisions of the past and establish a society based on democratic values, social justice and fundamental human rights;
- improve the quality of life of all citizens and free the potential of each person;
- lay the foundations for a democratic and open society in which government is based on the will of the people and every citizen is equally protected by law; and
- build a united and democratic South Africa able to take its rightful place as a sovereign state in the family of nations.

Education and the curriculum have an important role to play in realising these aims.

In 1997 we introduced outcomes-based education to overcome the curricular divisions of the past, but the experience of implementation prompted a review in 2000. This led to the first curriculum revision: the *Revised National Curriculum Statement Grades R-9* and the *National Curriculum Statement Grades 10-12* (2002).

Ongoing implementation challenges resulted in another review in 2009 and we revised the *Revised National Curriculum Statement* (2002) to produce this document.

From 2012 the two 2002 curricula, for *Grades R-9* and *Grades 10-12* respectively, are combined in a single document and will simply be known as the *National Curriculum Statement Grades R-12.* The *National Curriculum Statement for Grades R-12* builds on the previous curriculum but also updates it and aims to provide clearer specification of what is to be taught and learnt on a term-by-term basis.

The *National Curriculum Statement Grades R-12* accordingly replaces the Subject Statements, Learning Programme Guidelines and Subject Assessment Guidelines with the

(a) Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS) for all approved subjects listed in this document;

(b) *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; and

(c) *National Protocol for Assessment Grades R-12.*

MRS ANGIE MOTSHEKGA, MP
MINISTER OF BASIC EDUCATION

IZIQULATHO

ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA YEBANGA R-12 3

1.1 IMvelaphi 3

1.2 AmaGqabantshintshi 3

1.3 liNjongo eziPhangaleleyo zeKharityhulam yoMzantsi Afrika 4

1.4 Ukwabiwa kwexesha 6

1.4.1 IsiGaba esisisiSeko 6

1.4.2 IsiGaba esiPhakathi 6

1.4.3 Isigaba esiPhezulu 7

1.4.4 Ibanga 10-12 7

ICANDELO LESI-2 8

2.1 Yintoni izakhono zobomi? 8

2.2 Iinjongo ezithe ngqo 8

2.3 Ukucacisa imimandla yokufunda yesifundo sezaKhono zoBomi 8

2.4 Ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko 10

2.5 Izixhobo zezaKhono zoBomi 13

2.6 Ukwabiwa kwexesha kwinkalo yokufunda kwizaKhono zoBomi kwisiGaba esisisiSeko 14

2.7 Izihloko 15

2.8 Ukwabiwa kwexesha lezihloko 15

2.9 Ulandelelaniso nenkqubela-phambili 15

ICANDELO LESI-3 16

ICANDELO LESI 4 77

4.1 Intshayelelo 77

4.2 INkqubo yokuHlola 78

4.3 Uqukaniso 78

4.4 UkuRekhoda nokuNika iNgxelo 78

4.5 Ulwazi gabalala 79

IICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA

1.1 IMvelaphi

I*Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* icacisa ipolisi yekharityhulam nokuhlola ezikolweni.

Ukuphucula ukusetyenziswa kwayo, INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola ihlaziyiwe, yaye uhlaziyo luya kuqala ukusebenza ngeyoMqungu/ngoJanyuwari 2012. Isifundo ngasinye senzelwe uxwebhu olunye lwePolisi yeKharityhulam nokuHlola endaweni yala maxwebhu madala angala: INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola, iziKhokelo zeNkqubo yokuFunda kunye neziKhokelo zokuHlola zesiFundo kwiBanga R-12.

1.2 AmaGqabantshintshi

(a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (EyoMqungu/Janyuwari 2012)* imele inkcazelo yepolisi yokufunda nokufundisa kwizikolo zoMzantsi Afrika yaye iquka oku kulandelayo:

(i) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yesifundo ngasinye kwezo zifundo zivunyiweyo zesikolo;

(ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12.*; kunye

(iii) Noxwebhu lwepolisi oluthi, *National Protocol for Assessment Grades R-12 (EyoMqungu/Janyuwari 2010).*

(b) Uxwebhu oluthi, *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola Grades R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* lungena endaweni yala maxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe amabini alandelayo:

(i) i*Revised National Curriculum Statement Grades R-9, Government Gazette No. 23406 of 31 May 2002*, kunye

(ii) ne*National Curriculum Statement Grade 10-12 Government Gazettes, No 25545 of 6 October 2003 and No. 27594 of 17 May 2005.*

(c) Amaxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ekuthethwe ngawo kumhlathi b(i) no (ii), aquka la maxwebhu epolisi alandelayo, aza kuthi aye eyekiswa ngokuyekiswa, engenelelwa yi*Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola Grades R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* ngo2012-2014:

(i) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yezifundo ngezifundo, isiKhokelo seNkqubo yokuFundisa kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo seBanga R-9 neseBanga 10-12;

(ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National Policy on assessment and qualifications for schools in the General Education and Training Band*, olubhengezwe kwi*Government Notice No. 124* ekwi*Government Gazette No. 29626 of 12 February 2007*;

(iii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, the *National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF)*, olubhengezwe kwi*Government Gazette No.27819 of 20 July 2005;*

(iv) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding learners with special needs,* olupapashwe kwi*Government Gazette, No.29466 of 11 December 2006,* lufakwe kuxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12;* kunye

(v) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding the National Protocol for Assessment (Grades R-12)*, olubhengezwe kwi*Government Notice No.1267 in Government Gazette No. 29467 of 11 December 2006.*

(d) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades* R-12; kunye namacandelo akwiPolisi yeKharityhulam nokuHlola njengoko ebonisiwe kwisahluko sesi-2, 3 nesesi-4 solu xwebhu aqulethe izithethe nemigangatho ye*Nkcazelo yeKharityhulam yeSizwe yeBanga R-12.* Ngoko ke, olu xwebhu luya kuthi, ngokwe*candelo 6A* le*South African Schools Act* (uMthetho oLawula iZikolo zaseMzantsi Afrika), *ka1996 (uMthetho wama-84 ka1996,)* lwenze isiseko sokuxhobisa umPhathiswa wezeMfundo esisisiSeko ukuba akwazi ukubeka awona manqanaba aphantsi eziphumo nemigangatho, ngokunjalo neenkqubo nemigaqo yokuhlola inkqubela phambili yabafundi, manqanaba lawo aza kusebenza kwizikolo zikaRhulumente nezabucala.

1.3 IiNjongo eziPhangaleleyo zeKharityhulam yoMzantsi Afrika

(a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* inika isikhokelo kulwazi, izakhono nezithethe ezinokufundwa ezikolweni zaseMzantsi Afrika. Le kharityhulam ijonge ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana ulwazi nezakhono ngeendlela ezihambelana nobomi babo bemihla ngemihla. Kungoko ke le kharityhulam ikhuthaza uluvo lokusebenzisa kakhulu iimeko zalapha, kodwa ibe ikwayise iso nemiba ebalulekileyo yehlabathi jikelele.

(b) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 yenza oku kulandelayo:

- Ixhobisa abafundi ngolwazi, izakhono nezithethe eziya kubanceda ukuba bakwazi ukuzimela nokuthabatha inxaxheba ekuhlaleni njengabemi belizwe elikhululekileyo; nokuba bavela kweyiphi imo yezentlalo, uhlanga, isini, bekhangeleka njani ngokomzimba okanye bekuliphi inqanaba lengqiqo;
- Ivulela abafundi amathuba okuya kwimfundo ephakamileyo;
- Incedisa abafundi ukuba bakwazi ukuphuma kumaziko emfundo baye kumaziko omsebenzi; yaye
- Inika abaqeshi umfanekiso ocacileyo ngobuchule nolwazi abanalo abafundi.

(c) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 isekelwe phezu kwale mithetho-siseko ilandelayo:

- *Ukuphuculwa kwezentlalo:* ukuqinisekisa ukuba kuyalungiswa ukungalingani kwezemfundo okwabangelwa lixesha lobandlululo, nokuba bonke abemi banikwa amathuba emfundo alinganayo;
- *Ukufunda ngokubandakanyeka kusetyenziswa ingqiqo:* ukukhuthaza indlela yokufundisa efuna abafundi ukuba bathathe inxaxheba bebonakalisa ingqiqo, endaweni yokufunda ngokubethelela izimvo nokufunda nje bengaziqiqisisi iinyaniso okanye izimvo abazinikwayo;

- *Ulwazi nezakhono ezikumgangatho ophakamileyo:* ukubekwa kweyona migangatho isezantsi yolwazi nezakhono ekufuneka abafundi bezibonakalise kwibanga ngalinye, kananjalo nokumiselwa imigangatho ephezulu enokufikelelwa kuzo zonke izifundo;

- *Ukuqhubela phambili:* umxholo wokufundwayo neemeko ekufundwa phantsi kwazo kwibanga ngalinye ubonisa ukuqhubela phambili, ukususela kokulula ukuya koko kuntsonkothileyo;

- *Amalungelo oluntu, uqukaniso, ukukhathalelwa kokusingqongileyo nobulungisa bezentlalo:* ukufakwa kwemithetho-siseko neendlela zokwenza ubulungisa kwezentlalo nokukhathalela indalo esingqongileyo kwanamalungelo oluntu, njengoko ebekiwe kuMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika. INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga 10-12 ibonakalisa uvakalelo kwimiba yeyantlukwano enjengendlala, ukungalingani, uhlanga, isini, ulwimi, ubudala, ukuba nenkubazeko neminye imiba;

- *Ukuxatyiswa kolwazi lwemveli:* ukuthathela ingqalelo ubutyebi bembali kunye nelifa lemveli leli lizwe njengeentsika zokuxhasa izithethe eziqulethwe nguMgaqo-siseko; kunye

- *Nentembeko, umgangatho ophezulu, kunye negalelo elibonakalayo:* ukunika imfundo enokuthelekiseka neyamanye amazwe ngokomgangatho, ukunatyiswa kwanokungena nzulu kwayo kwimiba efundiswayo.

(d) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 ijonge ukuphuhlisa abafundi abakwaziyo:

- ukuchonga nokusombulula iingxaki bathabathe izigqibo besebenzisa ingqiqo nokucinga okubonakalisa ubugcisa;

- ukusebenza ngempumelelo bebodwa naxa bekunye nabanye njengamalungu eqela;

- ukuzicwangcisa nokuzilawula bona buqu kunye nemisebenzi yabo ngentembeko nangempumelelo;

- ukuqokelela, ukuhlalutya, ukucwangcisa nokuhlaba amadlala ulwazi;

- ukunxibelelana nabanye ngempumelelo besebenzisa ubuchule bokubonwayo, bemiqondiso kunye/okanye nezinye izakhono zolwimi ngeendlela ezahlukileyo;

- ukusebenzisa inzululwazi nobuchwepheshe ngempumelelo nangokubonakalisa ukuba noxanduva ngokunengqiqo ekukhathaleleni indalo esingqongileyo nempilo yabanye; kunye

- nokubonisa ukuliqonda ihlabathi ukuba liyiseti yezinto ngezinto ezizalanayo ngokuqaphela ukuba iimeko ezisonjululwa phantsi kwazo iingxaki azizimelanga zodwa geqe.

(e) Ukuqukaniswa kwemfundo kufuneka kube ngundoqo ekulungiseleleni, ekucwangciseni nasekufundiseni kwisikolo ngasinye. Oku kunokwenzeka kuphela xa bonke ootitshala benolwazi oluphangaleleyo malunga nendlela yokuqonda nokusombulula izidingo zokufunda kunye nendlela yokucwangcisela abafundi abangafaniyo.

Undoqo ekulawuleni ukuqukaniswa kwemfundo kukuqinisekisa ukuba izidingo ziyachongwa zize zisonjululwe ngawo onke amaqela enkxaso efanelekileyo asesikolweni, aquka ootitshala, amagosa esithili, amaQela eNkxaso amaZiko athile, abazali neZikolo zabaFundi abaneeMfuno eZizodwa njengamaZiko aXhobisa ngoLwazi. Ukusombulula izidingo eklasini, ootitshala mabasebenzise iindlela ngeendlela zokujongana neyantlukwano kwikharityhulam ezifana nezo zikuxwebhu lweSebe leMfundo esisisiSeko oluthi *Guidelines for Inclusive Teaching and Learning (2010).*

1.4 UKwabiwa kweXesha

1.4.1 IsiGaba esisisiSeko

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IBANGA R (IIYURE)	IBANGA 1-2 (IIYURE)	IBANGA 3 (IIYURE)
ULwimi lwaseKhaya	10	7/8	7/8
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo		2/3	3/4
IMathematika	7	7	7
IzaKhono zoBomi • ULwazi olusisiSeko • EzobuGcisa • EzemiThambo • UkuziPhatha neNtlalo	**6** (1) (2) (2) (1)	**6** (1) (2) (2) (1)	**6** (1) (2) (2) (1)
ZIZONKE	**23**	**23**	**25**

(b) Ixesha elabelwe ukufundisa leBanga R, 1 nelesi-2 ziiyure ezingama-23. IBanga lesi-3 ziiyure ezingama-25.

(c) IBanga R - 2 labelwe iiyure ezilishumi, zize zibe li-11 kwiBanga lesi-3. ULwimi lwaseKhaya lwabelwe ezona lwimi zininzi ezisi-8 nezona zimbalwa ezisi-7; luze uLwimi oloNgezelelweyo lwabelwe ezona zimbalwa zibe 2 zize ezona zininzi zibe 3 kwiBanga 1 - 2. KwiBanga lesi-3 ezona yure zininzi zisi-8, zize zibe si-7 ezona zimbalwa kuLwimi lwaseKhaya; kanti kuLwimi oloNgezelelweyo ezona zimbalwa zi-3, zize ezona zininzi zibe 4.

(d) IMathematika yabelwe iiyure ezisi-7.

(e) KwizaKhono zoBomi, uLwazi lokuQala lwabelwe iyure e-1 kwiBanga R - 2, zi-2 kwiBanga lesi-3, njengoko kubonisiwe kwizibiyeli kwiBanga.

1.4.2 IsiGaba esiPhakathi

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhakathi limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IIYURE
ULwimi lwaseKhaya	6
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	5
IMathematika	6
INzululwazi nobuChwepheshe (neTeknoloji) beNdalo	3,5
INzululwazi yezeNtlalo	3
IzaKhono zoBomi • EzobuGcisa • EzemiThambo • UkuziPhatha neNtlalo	**4** (1,5) (1) (1,5)
ZIZONKE	**27,5**

1.4.3 IsiGaba esiPhezulu

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhezulu limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IIYURE
ULwimi lwaseKhaya	5
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	4
IMathematika	4,5
IiNzululwazi zezeNdalo	3
INzululwazi yezeNtlalo	3
UbuChwepheshe (iTeknoloji)	2
INzululwazi yoLawulo lwezoQoqosho	2
IziFundo ngezoBomi	2
EzobuGcisa	2
ZIZONKE	**27,5**

1.4.4 IBanga 10-12

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa iBanga 10-12 limi ngolu hlobo:

IZIFUNDO	IIYURE
ULwimi lwaseKhaya	**4.5**
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	**4.5**
IMathematika	**4.5**
IziFundo ngezoBomi	**2**
Ubuncinane bazo naziphi izifundo ezithathu ezikhethwe kwi**Qela B** isiHlomelo B, iiTheyibhile B1 - B8 zoxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12,* ngokuxhomekeke kwimigaqo ebekwe kumhlathi wama-28 wolu xwebhu lwepolisi.	**12 (3x4yr)**
ZIZONKE	**27,5**

Ixesha elabelwe ukufundisa ngeveki malisetyenziselwe ukufundisa izifundo ngokweemfuno zezifundo zeNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (NKS) ezichatshazelwe apha ngasentla, hayi ezinye izifundo ezongezelelweyo. Ukuba umfundi ufuna ukongeza izifundo, makongezelwe elinye ixesha lezo zifundo azongezileyo.

ICANDELO LESI-2: IZAKHONO ZOBOMI

2.1 Yintoni izakhono zobomi?

Isifundo sezaKhono zoBomi singundoqo ekwakheni umfundi ngokugqibeleleyo. Sichaphazela ezentlalo, ubume bomntu, ingqondo, uvakalelo, ukwakheka komzimba womfundi nendlela ezinxibelelana ngayo ezi zinto.

KwiNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola, isifundo ngezaKhono zoBomi kwisiGaba esisisiSeko (iBanga labaQalayo (R) ukuya kwelesi-3) sahlulwe ngokwamanqanaba amane emimandla yokufunda. Ulwazi olusisiseko, ukuziPhatha neNtlalo, ezobuGcisa nezifundo zemiThambo. IsiFundo ngezaKhono zoBomi sicwangciswe ngolu hlobo khona ukuze kuqinisekiswe ukuba umfundi ufumana izakhono ezisisiseko, izinto zexabiso nesigama esibalulekileyo kumanqanaba okukhula komntwana ukumlungiselela kwizifundo aza kuzifunda kwiBanga lesi4 ukuya kwele12 bazifunda kwalapha kwisiGaba esisisiSeko.

ULwazi olusisiSeko, ukuziPhatha neNtlalo zidityaniswe kwizihloko. IzaKhono zoBomi sisifundo esihambelana nazo zonke izifundo nekufanele sixhase someleze ukufundiswa kwezinye izifundo ezingundoqo kwisiGaba esisisiSeko, umzekelo iiLwimi (olwaseKhaya nolokuQala oloNgezelelweyo) neMathematika.

2.2 Linjongo ezithe ngqo

IsiFundo ngezaKhono zoBomi sijolise ekukhokeleni nasekulungiseleleni abafundi kwizinto zobomi namagingxigingxi abo, kuquka ukubaxhobisa ngeendlela zokuphila ubomi ubububo nobuyimpumelelo ukuze baphucule intlalo. Kwesi sifundo abafundi bathi bafundiswe ngeendidi zolwazi, izakhono nezinto zexabiso ezithi zibomeleze:

- kwimithambo yomzimba, kwezentlalo, ezobume bomntu, emoyeni nokukhula kwengqondo;
- Isakhono sokukwazi ukuyila nokuxabisa ubuhle nolwazi ngokuthabatha inxaxheba kwimidaniso, umculo, imidlalo imizobo nobugcisa bezandla;
- Ulwazi ngempilo yakhe nezokhuseleko;
- Ukuqonda unxibelelwano phakathi kwabantu nokubangqongileyo;
- Ukuqonda unxibelelwano kwezentlalo, iinkqubo zobugcisa nenzululwazi elula.

2.3 Ukucacisa imimandla yokufunda yesifundo sezaKhono zoBomi

Ulwazi olusisiseko kunye nekuziphatha neNtlalo

ULwazi olusisiSeko

Umxholo nesigama soLwazi olusiSiseko luthathwe kwisifundo sezeMbali seNzululwazi yezeNtlalo, yeNdalo neTeknoloji, ezeNzululwazi nezobuGcisa. Iingqiqo nezakhono ezinxulumene nale mimandla yezifundo kwikharityhulam yesiGaba esisiSiseko zidandalaziswe apha ngezantsi:

Imixholo yenzululwazi yezeNtlalo, ukulondoloza, unobangela nefuthe, indawo, utshintsho, ulwalamano, noxhomekeko lwenye kwenye, ukwahlukahlukana, ukuzimela notshintsho.

Imixholo yenzululwazi yezeNdalo; ubomi nokuphila, nayo yonke into enobunzima, amandla notshintsho, umhlaba (njengeplanethi) nangaphaya.

Izakhono zenkqubo zenzululwazi ; inkqubo yokubuza imibuzo equka ukuqwalasela, ukuthelekisa, ukwahlulahlula, ukuthatha imilinganiselo, ukufunisela nokunxibelelana;

Inkqubo yezakhono zobuChwepheshe, ukuphanda, ukuyila, ukwenza, ukuhlola, ukunxibelelana.

UkuziPhatha neNtlalo

UkuziPhatha neNtlalo ngummandla obalulekileyo wesifundo kubafundi abaselula kuba basafunda indlela yokuzigcina besempilweni. Esi sifundo siquka ezempilo ekuhlaleni, impilo ngokwasemoyeni kunye nonxibelelwano nabantu nokusingqongileyo okuquka izinto zexabiso nendlela yokuziphatha. Ufundo ngobume obububo kwezokuziphatha nakwezeNtlalo kunceda abafundi ukuba izigqibo abanokuzimela benolwazi nenkcubeko kwimpilo yabo nokusingqongileyo. Kuqwalasela imiba ejongene nendlela yokutya, izifo (kuquka ugawulayo), ukhuseleko, ubundlobongela nokuxhatshazwa nempilo kokusingqongileyo. Abafundi baya kuzuza izakhono ezibafundisa ukuziphatha kakuhle nokuncedisa ekhaya, ekuhlaleni nakwintlalo jikelele, belandela izithethe ezikumGaqo-siseko. Abafundi baya kufunda ukumela amalungelo noxanduva lwabo, bahloniphe amalungelo abanye babonise ukunyamezela ubugcisa neenkolo ezahlukahlukeneyo ukuze babe negalelo ekuhlaleni.

EzobuGcisa

EzobuGcisa zifundisa abafundi ngeendidi ezine zobugcisa: ukudanisa, umdlalo weqonga, umculo, ubugcisa bemizobo. Injongo ephambili yezobuGcisa kukuphuhlisa abafundi babe nobuchule bokuyila, ukwakha imifanekiso-ngqondweni, baxabise ubugcisa. Bubanika ulwazi nezakhono ukuze babe nokuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yoyilo. Abafundi abakwisiGaba esisisiSeko banesiphiwo sokuyila kwaye ukudala nokudlala yindlela yabo yokufunda.

Abafundi mabakhokelwe ukuze basebenzise okuyakusosoloko befuna ukwenza izinto ukuze bakwazi ukuzakhela imifanekiso ngqondweni, ukusebenza ngezinto ezifana namalaphu nezinye izixhobo, besenza intshukumo, umculo bebalisa namabali. Abafundi mabaphonononge baze bakhulise izimvo zabo zokuyila ezisekelwe kumava abo, besebenzisa imizwa*(senses)* nokuqwalasela izinto. Ukufunda makugqale ekukhuliseni izakhono ngeenkqubo ezonwabisayo nezilingayo, endaweni yemisebenzi ekumgangatho ophezulu kwikota nganye. Ukufundiswa kwezi zakhono zokuyila kubalulekile ekuphuculeni amalungu omzimba amancinci namakhulu. Izifundo zobuGcisa zijolise ekuveliseni uphuhliso olupheleleyo lokuyila,lweengqondo, uvakalelo nokukhula ekuqondeni ngokwasentlalweni isiseko sokuyila okukuko, ukukhula kwengqondo, uvakalelo nobume bezentlalo. Kwikharityhulam, izifundo zobuGcisa zilungiswe ngeendlela ezimbini ezizimeleyo kodwa ezihambelanayo - ezobuGcisa nemizobo kunye nenkcubeko yokwenza (umdaniso, idrama nomculo).

UbuGcisa beZandla nemiZobo buphuhlisa izakhono zemizwa *(senses)* nokusebenzisa amalungu amancinci namakhulu,ukusebenza ngezinto ezifana namalaphu nezinye izixhobo nokuba nobuchule bendlela ezininzi zobugcisa. Ukusebenza ngezinto **ezinembonakalo emacala-mabini (2D)** kujolise ekufundiseni abafundi ngezinto ezisingqongileyo ngokuvuselela imizwa, indlela ababona ngayo izinto, ukuxoxa nokubuza, nangokukhuthaza ukuzoba abantu abenza intshukumo ethile: ukukhwela, ukubaleka, ukuhlala, ukungqengqa. Ayikho indlela ‘eyiyo’ yokuzoba kwaye abafundi mabakhuthazwe baveze izimvo zabo bekhululekile, bengoyiki kugxekwa. Ukusebenza ngezinto **ezinembonakalo emacala-mathathu (3D)** kuphuhlisa ingqiqo yemilo kwisithuba ngokudibanisa amasutswana odongwe, ukuncamathisela ephepheni, ukusika iimilo, ukuqhina kunye nokusonga. Ukusetyenziswa ngokusesikweni kwezinto ezifumaneka kubugcisa kufuneka kudityaniswe kwisifundo sobugcisa bezandla nemizobo.Oku kuthetha ukuthi abafundi mabasebenze kwaye bathethe ngemigca, iimilo nemibala.

Ubugcisa bokwenza/bokulinganisa kwisiGaba esisisiSeko bunika abafundi ithuba lokunxibelelana ngokuyilayo, ukulinganisa, ukucula, ukwenza umculo, ukudanisa nokwenza iintshukumo ezithile.Ngobugcisa bokwenza/bokilinganisa abafundi bafumana ithuba lokuphuhlisa izakhono zokusebenzisa imisipha yabo nokuyila. Ubugcisa bokwenza/bokulinganisa buchukumisa ukukwazi ukukhumbula izinto nokukhulisa unxibelelwano. Kukwakhulisa

ukuzithemba nokukwazi ukuziphatha ngendlela efanelekileyo.

Imidlalo eyiliweyo nezakhono zilungisa umzimba nelizwi, yaye imidlalo isetyenziswa njengezixhobo sokufunda izakhono. **Ukuqamba nokutolika** kunika abafundi ithuba lokuyila umculo, iintshukumo nedrama ngabanye naxa besebenzisana.

EzemiThambo

Kukuphuhliswa kwamalungu amancinci namakhulu emizimba yabafundi kunye nendlela yokubona ngendlela egwebayo nokuphuhliswa kokuqonda kwisiGaba esisisiSeko. Ukwakheka komzimba k§unye nokusebenzisa amalungu omzimba ukwenza iintshukumo ezithile kubalulekile ekwakhekeni umfundi ngokuzeleyo.Oku kunegalelo elibalulekileyo ekuphuhliseni ukukwazi ukuqonda nokuvakalisa imfuno zabo nokubaphuhlisa ngokwasemoyeni. Ukudlala, iintshukumo, imidlalo enegalelo ekuphuhliseni uluvo nokuxabisa.Lo mmandla ugqale ekuphuhliseni indlela yokubona ngendlela egwebayo nokwenza iintshukumo usebenzisa amalungu omzimba, isingqisho, ukuxhathisa nolingano macala.KwisiGaba esisisiSeko ugqaliso lukwimidlalo nemisetyenzana eyakwenza isiseko sokukwazi ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo xa sele bekhulile abafundi. Makugxininiswe ukukhula komzimba, ukwakheka, imisetyenzana emnandi eyonwabisayo umz. (izinto abathanda ukuzenza abantwana ngexesha labo) imidlalo nokudlala.

2.4 Ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko

Abafundi beBanga labaQalayo (iBanga R) banokuwela kumanqanaba 0 - 4 okukhula. Ngenxa yesi sizathu i*National Early Learning Development Standards* (*imiGaqo yokuKhula kweMfundo yabaQalayo*) *(NELDS)* ibalulekile njengoxwebhu lokucwangcisela ukufundisa nokufunda elinokusetyenziswa njengesikhokelo. Kukho izakhono ezibalulekielyo abafundi abasakhulayo ekufanele ukuba bazazi kwaye baziqonde phambi kokuba baye kwiBanga loku-1 kwaye iBanga labaQalayo (R) kufuneka libancede ekufumaneni ezo zakhono. Enye yeendima eziphambili zootitshala abafundisa kwiBanga labaQalayo kukunika abafundi ubume bemeko yendawo ekhuselekileyo, ecocekileyo nenenkathalo, enamathuba awaneleyo okudlala nokuphononga ilizwe ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka abanike:

- Imisebenzi yesiqhelo ecwangcisiweyo nokudlala ngokukhululekileyo imidlalo abayithandayo abafundi nekwazi ukulawuleka.
- Uluhlu lwezixhobo ezahlukileyo zokwenza imisebenzi yesiqhelo, ecwangcisiweyo nokudlala ngokukhululekileyo.
- Ubume bemeko yendawo ekwazi ukulawuleka, elungiselelwe umntwana nalapho anokudlala ngokukhululekileyo.

Bonke abafundi abakwisiGaba esisisiSeko, ngakumbi abakwiBanga labaQalayo, mabangabopheleleki ezitulweni intsasa yonke. Bafuna indawo emnandi eneengubo nemiqamelo kwakunye neendawo zokusebenzela ezinezitulo neetafile apho banokudlala, basebenze kwaye bahamba-hambe ngokukhulelekileyo.

Ngokuphangaleleyo isicwangciso samaxesha (ithayimtheyibhile) sesiGaba esisisiSeko siqulethe imisebenzi yesiqhelo nemisebenzi yokudlala ngokukhululekileyo ngaphakathi nangaphandle kunye nemisebenzi ecwangcisiweyo. Imisebenzi yesiqhelo nemisebenzi yokudlala ngokukhululekileyo yakhelwe kuxwebhu lwezaKhono zoBomi lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola kuba zisoloko zibandakanya abafundi kwizifundo zemithambo nezempilo.

2.4.1 Imisebenzi yesiqhelo

Imisebenzi yesiqhelo yenzeka ngexesha elinye kwimihla yonke.Ubuncinane imizuzu elishumi yexesha elabelwe izifundo zezaKhono zoBomi mayisetyenziselwe imisebenzi yesiqhelo yemihla ngemihla, umz. Itshati yemimhla ingathatha imizuzu elishumi yexesha elabelwe uLwazi olusisisiSeko, kuba abafundi bafunda ngeentsuku zeveki, iinyanga nemihla. Imizuzu elishumi yexesha elabelwe ezobuGcisa bungasetyenziselwa ukwenza imisebenzi yesiqhelo'yokuqoqosha' njengoko kubalulekile oku kwizaKhono zoBomi. Imizuzu elishumi yexesha elabelwe ukuziPhata neZentlalo lingasetyenziswa ukwenza imisebenzi yesiqhelo yeveki okanye yenyanga yokujonga izinto ezinxulumene nempilo, ukongeza ekuqoqosheni izixhobo ebezisetyenziswa nokunxiba iimpahla ezifanelekileyo.

Imisebenzi eyenziwa rhoqo iquka:

- Imibuliso xa ufika naxa uhamba;
- Ukuya kwigumbi langasese;
- Itshati yemihla yokuzalwa;
- Itshati yemihla;
- Itshati yempilo;
- Ukulungiselela imisebenzi yezobuGcisa nezemiThambo, umz. ukunxiba ifasikoti, ukukhulula izihlangu;
- Ixesha lokucoca emva kobugcisa bokuyila nokudlala imidlalo ngokukhululekileyo.

2.4.2 Imisebenzi yokudlala ngokukhululekileyo ngaphandle nangaphakathi

Imisebenzi yokudlala ngokukhululekileyo yenziwa ngaphakathi nangaphandle okanye kuzo zombini ezi ndawo. Ixesha elabelwe EzemiThambo noBugcisa bokuyila lingasetyenziselwa ukudlala ngokukhululekileyo kuba isakhono semithambo esifundwayo nabathi abafundi baziqhelanise naso ngexesha lemidlalo ekhululekileyo sixhasa ukufunda kwezi zifundo zozibini.

Imizekelo yemidlalo yokudlala ngokukhululekileyo iquka:

Ukudlala ngokukhululekileyo ngaphakathi	Ukudlala ngokukhululekileyo ngaphandle
Uyilo ngokukhululekileyo (ukupeyinta, ukuzoba, ukubumba)	Ukudlala ngamanzi (nodaka)
Ukukrazula, ukusika	Ukudlala ngesanti
Ukuncamathisela	Imidlalo esebenzisa imizwa
Indawo yeebloko	Imidlalo emangalisayo ecingwayo
Imisebenzi eyenziwa ngokusebenzisa amalungu omzimba amancinane (imisebenzi yokubamba ipensile, udlawu, izincothuli iiphazili,ukuhlohla amaso, ukuphotha, izakhelo zezinxibo njl.)	Imidlalo esebenzisa amalungu amakhulu omzimba (ukukhwela, ukujiwula, ukuxhathisan njl.)
Ibhokisi yesanti	Umdlalo weebhloko
Imidlalo yokuzakhela imeko	Ukudlala ngebhola
Indawo yokufundela	Izinto zokudlala ezinamavili
Indawo yokuzikhangelela (itafile enika umdla, ukuthelekisa/ ukuhlela amakhadi, nemisebenzi yokusebenzisa imizwa	Ukwakha
Indawo yomculo	Ezolimo
Indawo yokubhala	Ukukhathalela izilwanyana
Umdlalo weebloko	Imisebenzi yangaphandle yokuyila

2.4.3 Imisebenzi ecwangcisiweyo

Imisebenzi ecwangcisiweyo yimisetyenzana emifutshane yokufundisa nokufunda, eyenziwa ngoncedo lukatitshala. Inokwenziwa ngabanye, ngokwamaqela amancinane okanye ngabafundi bonke, kuxhomekeka kuhlobo lwesifundo eso. Ingqiqo, umxholo nezakhono zemisebenzi ecwangcisiweyo icaciswe kwizifundo nakuxwebhu lwekharityhulam.

2.4.4 IzaKhono zemizwa (zokubona/zokuva/zokungcamla/zokuphatha)

Ukwakhiwa kwezakhono zemizwa kubafundi abaselula kubaluleke kakhulu ekwakheni isiseko sokufunda.Izakhono zemizwa zithetha ukusebenzisa imizwa ukufumana ulwazi ngokusingqongileyo nemeko ethile. Ukuphuhliswa kwezakhono zemizwa kwenzeka ngalo lonke ixesha kufundwa. Ootitshala mabagqale ekuphuhliseni izakhono zemizwa kuzo zonke iinkalo zokufunda, kwiiLwimi neMathematika. Ezi zilandelayo zizakhono ootitshala amabanike ingqwalasela kuzo:

Iindlela zokubona izinto ezibonakalayo - ukuzuza nokutolika ulwazi usebenzisa amehlo - indlela echanekileyo yokubona izinto inceda abafundi ukuba bafunde, babhale benze neMathematika;

Ukukwazi ukucalucalula okubonwayo - ukukwazi ukubona ukufana, ukwahluka neenkcukacha zezinto ngokuchanekileyo;

Ukukwazi ukugcina okuboniweyo - ukukwazi ukukhumbula othe wakubona ngamehlo nokulandelelanisa ngokufanelekileyo indlela ozibone ngayo izinto;

Ukukwazi ukutolika okuviwayo - ukufumana nokutolika ulwazi usebenzisa iindlebe - ukukwazi ukutolika okuviwayo kunceda abafundi ukuba batolike abakuvayo;

Ukukwazi ukucalucalula okuviwayo - ukukwazi ukuva ukufana nokwahluka kwezandi;

Ukukwazi ukukhumbula okuvileyo - ukukwazi ukukhumbula okuvileyo ngeendlebe ulungise nokulandelelanisa ngokufanelekileyo eso sandi usivileyo;

Ukunxibelelana kwesandla neliso - ukusebenzisana kwezandla namehlo xa kusenziwa intshukumo ezithile, umz. ukugibisela/ukujula okanye ukuganga ibhola;

Umfanekiso womzimba - ukuqonda umzimba wakho ngokugqibeleleyo, umz. indlela yokushukuma nokusebenza kwawo;

Icala - ukubonisa ukuqonda icala ngalinye lomzimba wakho, umz. sesiphi isandla esibulisayo;

Ukongama- ukukhetha ukusebenzisa isandla esithile okanye icala elithile lomzimba, oko kukuthi kugqwese icala lasekhohlo okanye lasekunene;

Ukunqumla umgca-ophakathi - ukukwazi ukusebenza ngokunqamleza kumgca ophakathi womzimba, umz. ukukwazi ukuzoba umgca ukusuka kwelinye icala lephepha ukuya kwelinye ungakhange usitshintshe isixhobo obhala ngaso ukusuka kwesinye isandla usise kwesinye;

Ukubona okuthile - ukukwazi ukuthathela ingqalelo into okanye umba othile ngexesha unganiki ngqalelo ezinye izinto, le nto uyinike ingqalelo iba sekuhleni kwindlela obona ngayo logama ezinye zifihlakele, umz. ukukwazi ukufunda igama elinye kwisivakalisi;

Ukukwazi ukuzakhela ingqiqo malunga nokubonayo - ukukwazi ukunaka isimo, iimilo, iisimboli, izandi njl. ngaphandle kwendawo-bume, ubungakanani, nokungqonge oko, umz. ukunakana isangqa ngenxa yemilo yaso eyodwa engafaniyo nezinye iimilo;

Ukukwazi ukuqonda isithuba - ukukwazi ukuqonda isithuba esijikeleze umzimba, okanye ukuzalana phakathi kwento nalo mntu ungumboneli (uqwalaseleyo) umz. umnqwazi usentloko;

2.5 Izixhobo zezaKhono zoBomi

Ezinye izixhobo zimiselekile kwiklasi yesi siGaba sabaQalayo. Ezinye izinto zifumaneka lula kunezinye. Ngokwemeko eyiyo abafundi bafanele bakwazi ukufikelela kwezi zixhobo ngamaxesha onke. Bangazisebenzisa ezi zixhobo ngexesha lokudlala ngokukhululekileyo xa besenza imisebenzi ecwangcisiweyo, xa begqibile ukukwenza imisebenzi abayinikwe ngutitshala okanye xa befuna nje ixesha lokukhe baphume. Ezi xixhobo ziquka oku kulandelayo:

- Iibhin-bhegi, iintambo, oohulahuphu, iibhola ezahlukileyo ngobukhulu, izikali/amaplanga namavili, izixhobo zokudlala phandle (amavili, ijangili jim, iintambo zokukhwela, imithi), iziziba zamalaphu, amabhethi, izikhongozeli (isitya, iitoti mazibe zezona kujoliswe kuzo) iibhotile (ezona zinto kujoliswe kuzo) imiphezulu eqinileyo nethambileyo, izinti, izikhongozeli zokugcina izinto, oojingi, izitena, iikhowuni iibhaloni
- Ezokubhala ezomileyo: Iikhrayoni, amaphepha, itshokwe, ipensile eyi-2B, amalahle, isanti
- Izixhobo ezimanzi: ipeyinti, i-inki, idayi, udaka
- Iibrashi ezahluke ngobukhulu
- Amaphepha okanye amaphepha asebenzileyo anobukhulu nemibala eyahlukileyo
- Udongwe, intlama yamaphepha asiliweyo, udongwe lokudlala, udaka
- Amaso (iglasi, iphepha, iplastiki), istro, imakharoni, onokrwece njl-njl. bokuhlohla

- Izinto eseyisetyenzisiweyo ezithi zilungiswe zize sisetyenziswe kwakhona: iibhokisi, iphepha langasese, izikhongozeli zeplastiki, izinto zokupakisha izinto ezithengiswayo, isivingco, iphepha lokusongela, ifoyili, iwulu, umtya ,amatye, imbewu, amaphepha-ndaba amadala/iimagazini ezindala
- Iglu,imicwe yeekhadibhodi , izikere nesitatshi esesixutyiwe
- Umatshini wokudla i-CD, iiCD, izixhobo zokudlala umculo
- Iimpahla ezindala, izixhobo sazekitshini, izikhongozeli, ezisetyenziswa emidlalweni yedrama
- Iiphazili nezinye izixhobo ezifundisayo ezinokusetyenziswa ngobuchule obuthile, ezithengwayo nezifumaneka emakhaya
- Imifanekiso, iitshati zodonga neemephu
- Iincwadi zolwazi nezamabali (ithala leencwadi)
- Iilensi zeplastiki neeglasi zokujonga ezenza izinto zibenkulu
- Abantu - abantu abadala neendwendwe ezimenyiweyo

Kufuneka ngakumbi oku kwezobuGcisa :

- Isithuba esiphangaleleyo
- Izixhobo zomculo kuquka ezifunyenweyo nezenziwayo
- Izixhobo eziviwayo neziviwa-zibonwa ezineendidi zomculo ofanelekileyo
- Iitshati neepowusta
- Izincedisi ezahlukileyo, umz. amalaphu, iibhola, izixhobo ezahluke ngobukhulu nangeemilo, impahla endala
- Izinto ezibonwayo ezinika umdla ezinokusetyenziselwa ukuzoba nokwakhiwa.

Izixhobo ezithile ezifunekayo kwizihloko zicacisiwe kwiSahluko sesi-3.

2.6 Ukwabiwa kwexesha kwinkalo yokufunda kwizaKhono zoBomi kwisiGaba esisisiSeko

IzaKhono zoBomi zabelwe ixesha eliziiyure ezingama-60 ngekota kwiBanga labaQalayo ukuya kwele-2, nezingama-70 ngekota kwiBanga lesi-3. Oku kuthetha ukuthi kumjikelo oneentsuku ezi-5, ulwazi olusisiseko, ukuziPhatha neNtlalo ziya kufundiswa iiyure ezi-2 ngeveki, ezobuGcisa, iiyure ezi-2, ezeimithambo, iiyure ezi-2 kwiBanga labaQalayo ukuya kwelesi-2, ulwazi olusisiseko, ukuziPhatha neNtlalo ziya kufundiswa iiyure ezi-3 ngeveki, ezobuGcisa nezemithambo iiyure ezi-2 kwiBanga lesi-3.

IBANGA R - 2		UKWABIWA KWEXESHA NGOKWEKOTA	IBANGA LESI-3		UKWABIWA KWEXESHA NGOKWEKOTA
ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo	Iiyure ezi-2 ngeveki	Amashumi angama-60 eeyure	ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo	Iiyure ezi-3 ngeveki	Amashumi angama-70 eeyure
EzobuGcisa	Iiyure ezi-2 ngeveki		EzobuGcisa	Iiyure ezi-2 ngeveki	
Ezemithambo	Iiyure ezi-2 ngeveki		Ezemithambo	Iiyure ezi-2 ngeveki	

Ezi ziqendwana zingundoqo ekuphuhliseni umfundi ngokugqibeleleyo kwaye kufanele ukuba zenziwe kwiBanga labaQalayo ukuya kwelesi-3 kwikharityhulam ntsuku zonke okanye rhoqo ngeveki.

2.7 Izihloko

ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo kwikharityhulam yezaKhono zoBomi lucwangciswe ngokwezihloko. Kucetyiswa ukusetyenziswa kwezihloko njengendlela yokudibanisa umxholo wezinye izifundo ezahlukileyo apho kufanelekileyo. Ootitshala bayakhuthazwa ukuba balungise izihloko ukuze zilungele imeko yezikolo zabo. Bayakhuthazwa kwakhona ukuba bakhethe ezabo izihloko xa bethe bakuzijonga bazifumanisa ukuba zifanelekile. .

2.8 Ukwabiwa kwexesha ngokomxholo wezihloko

Ikharityhulam icwangciselwe iiveki ezingama-40 ngonyaka. Ukwabiwa kwamaxesha aqikelelweyo anikiwe kwisihloko ngasinye kwikota nganye, kuboniswa ixesha emalinikwe isihloko ngasinye. Imisebenzi yesiqhelo nemisebenzi ekhululekileyo yangaphakathi nangaphandle mayifakwe kwishedyuli yokufundisa. Ootitshala bangalicwangcisa ixesha labo ngohlobo abathanda ngalo, umz. banokugqiba kwimizuzu engama-30 besenza ulwazi olusisiseko nokuziPhatha neNtlalo yonke imihla ngaphandle kwangoLwesihlanu, benze ezobuGcisa ngoLwesibini nangoLwesine kangangeyure.

2.9 Ulandelelaniso nenkqubela pamibili

Ulandelelaniso olucetyiswayo lwezihloko lunikwe njengenye yemithetho-siseko kwimfundo yabaqalayo, luqala ngezinto abazaziyo abafundi kuze kufundiswe ezo zihloko nezakhono bangazaziyo kamva. Ngoko ke ulandelelaniso neenkqubela phambili zakhelwe ekubunjweni kwezihloko. Ukulandelelanisa izihloko kungatshintshwa kodwa ootitshala mabanike ingqwalasela kwinkqubela phambili nomgangatho esenziwa kuwo isihloko.

ICANDELO LESI-3: AMAGQABANTSINTSHI NGEMATHIRIYELI YOKUFUNDISA

3.1 IBANGA LABAQALAYO

IKOTA YOKU-1 IBANGA LABAQALAYO		
ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo	**Iiyure ezingama-20 (iiyure ezi-2/ngeveki)**	**Imithombo yolwazi ecetyiswayo** • Iincwadi ezikhethiweyo • Oonotsheluza • Imifanekiso • Izixhobo zezenzo ezilungileyo zococeko • Itafile yezinto ezinomdla zsehlotyeni • Izinto zeemilo ezahlukileyo eziyimibala ngemibala

- Ukwenza imisebenzi yesiqhelo nemisebenzi yokudlala ngokukhululekileyo ngaphakathi naphandle njengoko kubonisiwe kwiCandelo lesi-2.
- Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa luluntu mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo apha kwikota. (Iiyure ezimbini ngekota zibekelwe oku)

Isihloko: Mna - Iiyure ezi-2

- Iinkcukacha ezingam - igama, ubudala, idilesi, inombolo yomnxeba
- Okundenza ndahluke kwabanye - fakela igama, ulwimi/iilwimi, isini
- Izinto endinako ukuzenza nendinomdla kuzo

Qaphela: Ngabafundi abathile kuphela abaya kuzazi iidilesi neenombolo zabo zomnxeba. Phinda ubuyele koku ngelinye ixesha.

Isihloko: Esikolweni - Iiyure ezi-2

- Igama lesikolo, likatitshala, inqununu
- Amagumbi angasese neendawo zokudlalela
- Imigaqo nemisebenzi yesiqhelo esikolweni

Isihloko: Eklasini - Iiyure ezi-2

- Apho ndizibeka khona izinto zam eklasini
- Imigaqo yaseklasini
- Ukusebenza nabanye eklasini
- Indlela yokubonisa uvakalelo lwam eklasini
- Indlela yokuvakalisa uvakalelo lwam

Isihloko: Iincwadi - Iiyure ezi-2

- Isizathu sokuba sifune iincwadi
- Ukukhathalela iincwadi
- Ukusebenzisa iincwadi ukukhangela ulwazi
- Amabali endiwathandayo
- Apho ndingazifumana khona iincwadi

Isihloko: Iintsuku zeveki - liyure ezi-2

- Iintsuku zeveki
- Senza ntoni ngeentsuku ezahlukileyo
- Izolo, namhlanje nangomso

Isihloko: Umzimba wam - liyure ezi-2

- Ukuchonga uxele amalungu omzimba - kuquka nokuba mangaphi kulo ngalinye
- Imisebenzi yamalungu awohlukileyo omzimba
- Ngubani onokuphatha nongenakuphatha umzimba wam
- Okufunwa ngumzimba wam ukuze uhlale usempilweni

Isihloko: Ukuhlala usempilweni - liyure ezi-2

Izenzo ezilungileyo ezingundoqo zezococeko

- Ukuhlamba rhoqo
- Ukucoca amazinyo, iinwele, iinzipho
- Ukuhlamba iziqhamo phambi kokuzitya
- Iindlela zokuziphatha ezifanelekileyo egumbini langasese
- Ukulala
- Ukwenza imithambo (ukuzilolonga)

Isihloko: Ihlobo - liyure ezi-2

- Imozulu yasehlotyeni
- Indlela echaphazeleka ngayo indalo
- Indlela ezichaphazeleka ngayo izilwanyana
- Indlela abachaphazeleka ngayo abantu - umz. esikutyayo, esikunxibayo, esikwenzayo, imidlalo esiyidlalayo

Isihloko: Iimilo nemibala esingqongileyo - liyure ezi-2

- UKujonga uxele iimilo ezahlukileyo
- Iimilo ezenza izinto ezahlukileyo
- Jonga uze uxele imibala eyahlukileyo
- Imibala eyahlukileyo - umz. ekhanyayo, engakhanyiyo

Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo - liyure ezi-2

IKOTA YESI-2 IBANGA LABAQALAYO		
ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo	**Iiyure ezingama-20** (iiyure ezi-2/ngeveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** • Imizekelo yezinto esizisebenzisa emakhaya • Iifoto zemibhiyozo yosapho • Iifoto ezibonisa iimeko ezahlukileyo zemozulu • Itafile yezinto ezinomdla zasekwindla • Izinto ezahlukileyo ezenza isandi - kuquka izixhobo zomculo • Izinto ezahlukileyo onokuzingcamla, uzibambe uze uzijoje

- Ukwenza imisebenzi yesiqhelo nemisebenzi yokudlala ngokukhululekileyo ngaphakathi naphandle njengoko kubonisiwe kwiCandelo lesi-2.
- Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa luluntu mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo apha kwikota. (Iiyure ezimbini ngekota zibekelwe oku)

Isihloko: Ekhaya - Iiyure ezi-2

- Ngubani ohlala ekhaya
- Endikwenzayo ekhaya
- Ngubani osebenza ekhaya
- Imisebenzi eyahlukileyo esiyenza ekhaya

Isihloko: Ukhuseleko - Iiyure ezi-2

- Indlela yokukhuseleka ekhaya
- Iindawo ezikhuselekileyo zokudlala
- Iindawo ezingakhuselekanga ukuba kungadlalwa kuzo
- Ukukhuseleka endleleni

Isihloko: Usapho lwam - Iiyure ezi-2

- Abantu bosapho lwam
- Izinto esizenza sonke silusapho
- Izinto ezibhiyozelwa lusapho lwam - umz. umtshato, iindaba ezimnandi, imihla yokuzalwa

Qaphela: Abafundi baphuma kwiintlobo ngeentlobo zeentsapho. Qiniseka ngokubaquka bonke.

Isihloko: Imozulu - Iiyure ezi-2

- Sibonakala sinjani isibhakabhaka - kuquka umbala namafu
- Iintsuku ezishushu, ezibandayo, ezinelanga, ezinethayo, ezigquthayo - kuquka nezinto esizinxibayo ngezi ntsuku.

Qaphela: Qiniseka ukuba abafundi abalijongi tu ilanga.

Isihloko: Ukwindla - Iiyure ezi-2

- Imozulu yasekwindla
- Indlela echaphazeleka ngayo indalo
- Indlela ezichaphazeleka ngayo izilwanyana
- Indlela abachaphazeleka ngayo abantu - umz. ukutyaesikutyayo, esikunxibayo, esikwenzayo, imidlalo esiyidlalayo

Isihloko: Isandi - Iiyure ezi-2

- Izandi esizivayo
- Senziwa yintoni isandi esisivayo
- Umculo endiwuthandayo
- Indlela okusikhusela ngayo ukuva
- Ukukhathalela iindlebe zam

Qaphela: Lungisa ikharityhulam ngokufanelekileyo ulungiselela abafundi abangeva kakuhle.

Isihloko: Ukubona - Iiyure ezi-2

- Izinto ezindingqongileyo
- Ukukhanya, ubumnyama nezithunzi
- Indlela okusikhusela ngayo ukukwazi ukubona
- Ukukhathalela amehlo am

Qaphela: Lungisa ikharityhulam ngokufanelekileyo ulungiselela abafundi abangaboniyo kwaphela okanye abangaboni kakuhle.

Isihloko: Ukubamba - Iiyure ezi-2

- Izinto ezahlukileyo zivakala ngokwahlukileyo
- Fundisa amagama amatsha: eqinileyo, ethambileyo, empuluswa, erhabaxa, ebandayo, eshushu, epholileyo
- Ukuva amaqondo obushushu nemvakalo yezinto

Isihloko: Incasa nevumba - Iiyure ezi-2

- Iincasa namavumba endiwathandayo
- Iincasa ezintsha kum
- Ukhuseleko xa ungcamla
- Amavumba ohlukileyo asingqongileyo
- Apho avela khona amavumba

IKOTA YESI-3 IBANGA LABAQALAYO		
ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo	**Iiyure ezingama-20** (iiyure ezi-2/ngeveki)	**Imithombo yolwazi ecetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo eziqhelekileyo yezaKhono zoBomi uya kufuna oku : • Itafile yezinto ezinomdla ebusika • Imifanekiso eza kubonisa izithuthi zakudala • Imifanekiso yabantu besenza imisebenzi eyahlukileyo • Undwendwe olumenyelwe ukuthetha ngomsebenzi onomdla • Indawo yokudlala ngamanzi enezikhongozeli zokuthatha umlinganiselo nokugalela • Izinto ezidadayo nezizikayo • Iziqhamo nemifuno eyahlukileyo ekhethiweyo • Izikhongozeli ezahlukileyo ezingenanto zeemveliso zobisi • Ibhola yewulu neemveliso ezenziwe ngoboya • Imizekelo zezinto ezinokuphinda zisetyenziswe

- Ukwenza imisebenzi yesiqhelo nemisebenzi yokudlala ngokukhululekileyo ngaphakathi naphandle njengoko kubonisiwe kwiCandelo lesi-2.
- Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa luluntu mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo apha kwikota. (Iiyure ezimbini ngekota zibekelwe oku)

Isihloko: Ubusika - Iiyure ezi-2

- Imozulu yasebusika
- Indlela echaphazeleka ngayo indalo
- Indlela ezichaphazeleka ngayo izilwanyana
- Indlela abachaphazeleka ngayo abantu - umz. esikutyayo, esikunxibayo, esikwenzayo, imidlalo esiyidlalayo

Isihloko: Ezothutho - Iiyure ezi-2

- Ukuya esikolweni
- Iintlobo ezahlukileyo zezithuthi
- Izithuthi zakudala

Isihloko: Imisebenzi eyenziwa ngabantu - Iiyure ezi-2

Umsebenzi onxulumene:

- Nezothutho umz. abaqhubi bakaloliwe, izigadla (iitrakhi) iikhumbi; amagosa ezendlela; abaqhubi beenqwelo-moya nabasebenzi beenqwelo-moya
- Ezempilo umz. ugqirha, ugqirha wamazinyo, umqhubi wenqwelo yezigulane
- Ukubaleka kumacala awahlukeneyo ningangqubani nabanye nisebenzisa sonke isithuba eninaso
- Iimilo ezahlukeneyo: isangqa
- Ukutsiba ngaphaya nokususa ezinye izixhobo, ukukhasa, ukuxhuma-xhuma, njalo njalo.
- Ukugwencela (ijangili jim), ukukhasa nokugwegweleza usebenzisa amalungu omzimba

Icala

- Imisetyenzana usebenzisa icala lomzimba elingasebenzi kakhulu

Iindidi zemidlalo

- Ukudlalisa imidlalo abayithandayo nekhethwe ngabo
- Imidlalo yentshukumo - ubukhulu, umgama, isithuba nomthamo

IKOTA YESI-2 IBANGA LOKU-1		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo kwikota yesi-2** Iibhola, izikhongozeli noothinti Oohulahuphu Ukugwencela (ijangili jim*)*

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-2. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule

kota ukunika umxholo wezemiThambo, apho kufanelekileyo. Kungasetyenziswa neminye imisebenzi nemidlalo yesikolo. Mayilungiswe imisebenzi ukuze ilungele nabo banenkubazeko okanye abaneziphako zomzimba

Intshukumo / ukuhamba

- Amalungu omzimba: bacula ingoma besenza izicengcelezo bebamba amalungu omzimba - iinzwane, amadolo, impumlo, intloko, indlebe njalo njalo.
- Imidlalo - ‘uSipho uthi’- ukushukumisa amalungu omzimba awohlukeneyo

Ukuqonda intshukumo

- Izakhono zokudlala ibhola: Ukujulelana ngebhola bemi kwisangqa; bajulelane phezu kweentloko zabo; phantsi kwemileze ngexesha bemi emgceni, ukujulela umhlobo wakho; bayibhampise ze bayigange nabalingane
- Ukubetha iibhaloni emoyeni

Isingqisho

- Ukutsiba-tsiba nokuxhuma- xhuma
- Ukutsibela phezulu nasezantsi; phambili nangasemva; nasemacaleni
- Imidlalo yeminwe - izicengcelezo zeminwe

Ukusebenzisana kwamalungu

- Ukusebenzisana kweliso nesandla - ukubaleka nebhola ngokuyikhaba njalo kancinci phakathi koothinti okanye ukukhaba ibhola phakathi koothinti
- Ukutyhala-tyhala ibhaloni kwindawo ekujoliswe kuyo.

Ukuxhathisa

- Ukuhamba phezu kwentambo okanye umgca okrwelwe phantsi
- Ukuxhathisa kwiplanga elingaphakamanga
- Ukuxhathisa ezitulweni

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Ukugqiba uludwe lwezifundo lwezithintelo usebenzisa ukugwencela (Jungle gym) okanye isixhobo esifanayo

Icala

- Ukuziqengqa kumacala omabini ubheka phambili nasemva
- Ukujula nokuganga ibhola ngesandla esingasebenzi kakhulu
- Ukuxhathisa ngomlenze ongaqhelanga kuwusebenzisa kakhulu

Iindidi zemidlalo

- Imidlalo yemveli/ neyesintu ekhethwe ngabafundi

IKOTA YESI-3 IBANGA LOKU-1		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo kwikota yesi-3** Izikhafu/amalaphu amade Ibhola yesoka/iimpondo zokurora ibhola Amavili amadala eemoto

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-3. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezemiThambo , apho kufanelekileyo. Kungasetyenziswa neminye imisebenzi nemidlalo yesikolo. Mayilungiswe imisebenzi ukuze ilungele nabo banenkubazeko okanye abaneziphako zomzimba

Intshukumo / ukuhamba

- Ukushukuma - ukutsiba, ukubaleka, ukukhwela nokukhasa
- Ukuhamba ngomva usebenzisa izithende ; ukuhamba usebenzisa iinzwane
- Ukuhamba ubheka phambili unqumlezise umlenze owusebenzisa kakhulu
- Ukulandela imiyalelo yokuba uhambe ngokucotha nangokukhawuleza

Ukuqonda intshukumo

- Abafundi bancedisa ukubeka imiqobo baze bathubeleze phakathi kwayo ngokukhululekileyo - ukukhwela phezulu, ukukhwela ngaphaya, ukukhasa, ukujinga uxhathisa

Isingqisho

- Ukutsiba ugqaphu eyedwa, ngababini, ngokwamaqela ezithathu; bajiwuze bajikeleze benikana amathuba

Ukusebenzisana kwamalungu

- Ukusebenzisana kwesandla neliso - ukuphosa ibhola emoyeni, uyigange; uyibhampise, uphosele umlingane
- Ukutsiba ngaphaya kwebhola

Ukuxhathisa

- Ukuxhathisa phezu kwamavili eemoto abekwe phantsi namisiweyo
- Ukudlala imidlalo usebenzisa iibhin-bhegi zibekwa kumalungu omzimba awohlukileyo umz. ‘uSipho uthi’ - beka ibhinbhegi emagxeni njalo njalo.

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Ukukhasa phakathi kwamavili abeke ngomgca

Icala

- Usikhoji/unocheleza/unochelu/uguni exhuma ngalo mlenze ungaqhelanga kusebenza kakhulu
- Ukubaleka nokujinga entanjeni/kwiribhoni usebenzisa esi sandla singaqhelanga kusebenza kakhulu

Iindidi zemidlalo

- Ukudlala undize
- Inkunzi yenyamakazi nabazingeli

IKOTA YESI-4 IBANGA LOKU-1		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo kwikota yesi-4** Iintambo, imichako njalo njalo. Iibhola ezahlukileyo ngobukhulu

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-4. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezemiThambo , apho kufanelekileyo. Kungasetyenziswa neminye imisebenzi nemidlalo yesikolo. Mayilungiswe imisebenzi ukuze ilungele nabo banenkubazeko okanye abaneziphako zomzimba

Intsukumo/ ukuhamba

- Ukuhamba, ukubaleka nokutsiba-tsiba usebenzisa imiqondiso umana utshintsha ukusuka ekuhambeni uye ekubalekeni okanye esutsibatsibeni
- Iintshukumo uhleli ndawoninye: ukwenza uqulukubhode uwedwa okanye nomlingane

Ukuqonda intshukumo

- Ukwenza isangqa - imidlalo ‘yokubetha ibhola’

Isingqisho

- Imidlalo usebenzisa iintambo - ugqaphu (abafundi ababini babambisene ngentambo bebethela owesithathu otsibayo, ngelixa abanye abafundi beenza/becula izicengcelezo
- Ukulandela imiyalelo yemagubu yokutshintsha isingqisho

Ukusebenzisana kwamalungu

- Ukudlala ibhola ekhatywayo ngezandla ngeebhola ezinkulu
- Ukusebenzisana konyawo neliso; ukubulisana ngeenyawo

Ukuxhathisa

- Ukuhamba phezu kwentambo - ubuya umva, ubheka phambili okanye ehamba ngamacala uxwesise unyawo phezu kolunye okanye ungazixwesisanga
- Ukuxhathisa phezu kwentambo izandla zisentloko, zingasemva, zisesinqeni
- Ukuma ngeenzwane, ukubuthuma (ukulala ngesisu), ukuhamba phezu kweebhola ngeenyawo, ukuhamba kancinane ngezithende

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Ukudlala imidlalo efana nempuku nekati kumda othile
- Iimilo zabantu - ukwenza iimilo zamanani 1, 2, 3 okanye izandi A, B, C ngekhonkco lomntu

Icala

- Ukujika endaweni enye usiya ekhohlo nasekunene
- Ukukhabela iibhola kuloo ndawo kujoliswe kuyo ngonyawo lwasekhohlo okanye lwasekunene

Iindidi zemidlalo

- Ukudlala imidlalo yokubambana yokunqakulana umz. impuku nekati
- Ukuleqena nihamba - ukuhamba ngokungcotsha/ngeenzwane, ngeezithende, ngonyawo lonke phantsi
- Imidlalo yokunikezelana (irileyi)

IBANGA LESI-2

IKOTA YOKU-1 IBANGA LESI-2		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**Iiyure ezingama-20** (Iiyure ezi-2/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza izixhobo ezisetyenziswe kwizaKhono zoBomi sebenzisa nezi zilandelayo: • Imizekelo yezinto eziza kunceda abantu - iiglasi zokufunda, izincedisi kuhamba, izinja ezikhokela iimfama, izincedisi-zokuva • Izixhobo ezibonisa indlela yokucoca amanzi

- Ukwenza imisetyenzana eyenziwa rhoqo ekhankanyiweyo kwicandelo lesi-2 ngokukhululekileyo ngaphakathi nangaphandle
- Ukusebenzisa ikhalenda yeklasi ukuxoxa ngosuku nangenyanga unyaka wonke
- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo kuloo kota. (Iiyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Izinto esizifunayo ukuze siphile - Iiyure ezi-4

- Iindidi zokutya - sikutyela ukuba sikhule, sibe mamandla, sibe nempilo
- Amanzi - kutheni sidinga amanzi, imvelaphi yamanzi
- Umoya - ucoceko lomoya
- Ukukhanya kwelanga - ukuquka ukhuseleko elangeni

Qaphela: Akukho mfuneko yokufaka umjikelo wamanzi kwesi sigaba.

Isihloko: Mna nabanye - Iiyure ezi-4

- Abahlobo - iimpawu zabahlobo abalungileyo
- Abantu esikolweni nasekhaya - uquka ukwabelana, ukuncedana, ukunika imbeko
- Ukusombulula impixano ngendlela eyiyo - uquka ukuzithemba nokuvuyelela

Isihloko: Wonke umntu ubalulekile - Iiyure ezi-6

- Abantu bayafana futhi abantu bohlukile
- Izinto eziluncedo ebantwini - umz. Iiglasi zokufunda, izincedisi zokuhamba, izinja ezikhokela iimfama nezincedisi kuva
- Ukukhathalela abantu abanenkubazeko
- Ndingaligorha / ndingaliqhawe

Isihloko: Ukuhlala usempilweni - Iiyure ezi-4

- Ukukhusela ukutya esikutyayo - kwiimpukane, ukugcine kupholile
- Iindlela ezilula zokucoca amazwi
- Izinto ezisigulisayo - ukutshaya, ukusela utywala, ukusebenzisa iziyobisi
- Ukuziphatha kakuhle - umz. ukwenza imithambo rhoqo, ucuthe ixesha lokubukela umabonakude

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo - Iiyure ezi-2

IKOTA YESI-2 IBANGA LESI-2		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**Iiyure ezingama-20** (Iiyure ezi-2/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswe kwizaKhono zoBomi uya kusebenzisa nezi zilandelayo: • Imizekelo yeempahla ezinxitywa kumaxesha awohlukileyo onyaka • Imifanekiso neencwadi zolwazi

- Ukwenza imisetyenzana eyenziwa rhoqo ekhankanyiweyo kwicandelo lesi-2 ngokukhululekileyo ngaphakathi nangaphandle
- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo kuloo kota. (Iiyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Amaxesha onyaka - Iiyure ezi-6

- Amaxesha amane onyaka
- Amaxesha onyaka asichaphazela njani - impahla, ukutya, imisebenzi
- Amaxesha onyaka azichaphazela njani izinto ezikhulayo - ukutyala, ukukhula nokuvuna
- Amaxesha onyaka azichaphazela njani izilwanyana - iquka ezolimo, ukuchetywa kweegusha, ukuditshwa kweenkomo, iintaka umz. ukubhaca ngamaxesha athile nokufukama

Isihloko: Izilwanyana - Iiyure ezi-4

- Izilwanyama zasefama
  - Iintlobo zazo
  - Imisebenzi - umz. ukutya nempahla
- Izilwanyana zasendle
  - Iintlobo zazo
  - Ezijika umbonakalo/umbala

Isihloko: Izilwanyana nezinto eziphilayo ezihlala emanzini - Iiyure ezi-4

- Amanzi abalekayo
  - Umlambo - umz. intlanzi, ingwenya
  - Amadama namaqula - umz. amasele, uhlaba-manzi (dragonfly)
- Amanzi amtyuba (anetyuwa)
  - Ulwandle - umz. umnenga
  - Amadama anamatye umz iintlazi, unonkala

Isihloko: Amakhaya ezilwanyana - Iiyure ezi-4

- Izilwanyana nezidalwa ezizenzela amakhaya azo - umz. Iintaka, iinyosi, iimbovane
- Izilwanyana nezidalwa ezizifumanela amakhaya azo - iimfene, iinyoka, amagala
- Izilwanyana nezidalwa ezithutha amakhaya azo - umz.isinyeke/inkumbamdodo, amafudo

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo - Iiyure ezi-2

IKOTA YESI-3 IBANGA LESI-2		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**Iiyure ezingama-20** (Iiyure ezi-2/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswe kwizaKhono zoBomi uya kusebenzisa nezi zilandelayo: • Iisampule zeentlobo ngeentlobo zomhlaba • Imifanekiso neencwadi zolwazi • Iimpawu zendlela • Abantu basekuhlaleni abaluncedo eluntwini

- Ukwenza imisetyenzana eyenziwa rhoqo ekhankanyiweyo kwicandelo lesi-2 ngokukhululekileyo ngaphakathi nangaphandle
- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo kuloo kota. (Iiyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Umhlaba - Iiyure ezi-4

- Iindidi zemihlaba - imibala nokurhwexa / ukwakhiwa
- Izinto zendalo ezihlala emhlabeni - umz. umsundululu, intuku
- Umhlaba wenzelwe ukukhula kwezityalo; ukuxabiseka kokulima imifuno

Isihloko: Ezothutho - Iiyure ezi-6

- Yintoni isithuthi?
- Izithuthi zendlela
- Izithuthi zomgaqo kaloliwe
- Izithuthi zasemoyeni
- Izithuthi zasemanzini
- Imisebenzi yeendidi ezahlukeneyo zezithuthi

Isihloko: Ukhuseleko ezindleleni - Iiyure ezi-4

- Imithetho yokhuseleko ezindleleni
- Abahambi ngeenyawo
- Abakhweli beebhayisekile
- Abakhweli
- Iimpawu zeendlela zabahambi ngeenyawo nakubakhweli beebhayisekile
- Abantwana besikolo abasebenza umsebenzi wamagosa endlela
- Amagosa ezendlela asinceda njani

Isihloko: Abantu abasincedayo - Iiyure ezi-4

- Abantu abasincedayo ekuhlaleni - umz. oonesi basekliniki, abantu abasigcinela abantwana, ootitshala bakumathala eencwadi
- Basinceda nyani abantu abahlukileyo
- Ndingalucela njani ulwazi noncedo
- Ukuba nembeko
- Ndingalucela njani uncedo olukhawulezileyo kwiimeko ezingxamisekileyo
- Ndiqhagamshelane nabani
- Ndibanikeoluphi u lwazi

Qaphela: Mema umntu osebenzela uluntu eze esikolweni.

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo - Iiyure ezi-2

IKOTA YESI-4 IBANGA LESI-2		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**Iiyure ezingama-20** (Iiyure ezi-2/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswe kwizaKhono zoBomi uya kusebenzisa nezi zilandelayo: • Imephu yodonga yaseMzantsi Afrika eyahlulwe ngokwamaphondo • Iflegi yoMzantsi Afrika • Imizekelo yezixhobo ezahlukeneyo zonxibelelwano • Imifanekiso nezinto ezibonisa iminyhadala yezeenkolo • Iifoto neencwadi zolwazi

- Ukwenza imisetyenzana eyenziwa rhoqo ekhankanyiweyo kwicandelo lesi-2 ngokukhululekileyo ngaphakathi nangaphandle
- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngoko kwenzeka kwazo kuloo kota. (Iiyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Iilizwe lethu - Iiyure ezi-4

- Imephu yaseMzantsi Afrika
- Igama nendawo ohlala kuyo kwiphondo okulo
- Apho sihlala khona
- Iflegi yoMzantsi Afrika - kuquka ukuqaphela neendawo onokuyibona iphephezela kuzo
- Umhobe wesizwe - ukuwumamela nokuwucula

Qaphela: Umhobe wesizwe ungafundwa ikota yonke. Dibanisa nabafundi bamanye amazwe ngokufaka nee flegi zamazwe abo apho unako.

Isihloko: Iindlela zokunxibelelana - Iiyure ezi-6

- Ukuthetha - kuquka ukuchaza, ukuncokola, ukubonga nokucula
- Ukubhala - kuquka ukubhala ileta okanye ikhadi ulipose
- Ukufunda - kuquka imiyalelo nezibhengezo/iintengiso
- Ukuphulaphula - kuquka oonomathotholo namabali
- Ukujonga - kuquka ukufunda ushukumisa imilebe, ukuthetha ngezandla nezijekulo

Isihloko: Ubomi ebusuku - Iiyure ezi- 6

- Izinto endizenza ebusuku - ndilungiselela ukulala, ndifunde, ze ndibalise amabali, ndilale ze ndiphuphe
- Abantu abasebenza ebusuku - umz. amagosa ezokhuseleko, oogqirha, abaqhubi beenqwelo-moya, abaqhubi bezigadla
- Izilwanyana zasebusuku - umz. izikhova, iincanda, amahlosi, oodyakalashe

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo - Iiyure ezi-3

Ukugxininisa kwizihloko nokuhlola - Iiyure ezi-2

IKOTA YOKU-1 IBANGA LESI-2		
Ubugcisa bokuyila	**Iiyure ezingama-20 eeyure**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Jonga kwizixhobo ezidweliswe kwizaKhono zoBomi kwicandelo lesi-2

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-1. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezifundo zoBugcisa noBugcisa obuBonwayo

Ubugcisa bokwenza eqongeni - Iiyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Ukuzifudumeza amalungu omzimba: imithambo yokuphefumla usebenzisa amalungu omzimba adibanisa amathambo afana namaqatha; ukukhomba nokugoba nokujikelezisa izihlahla njalo njalo.
- Ukufudumeza ilizwi: ukusebenzisa ingoma, ukucula izikhamiso, izicengcelezo nokujija ulwimi
- Ukucula iingoma ngazwi-nye, kujikelezwa, kutsitywa-tsitywa, kuxhunya-xhunywa ngabanye okanye nabahlobo
- Iintshukumo zamalungu omzimba okuhamba: ukuhamba, ukutsiba, ukubaleka nomlingane kumacala onke
- Iintshukumo uhleli ndawoninye: ukugoba amadolo, bafikelele entweni, baphakame nomlingane
- Umsebenzi wokubaliselana amabali: ukumamelana nokuphendula ngokufanelekileyo kubalingane umz. ukubaliswa kwamabali ngokwamaqela ‘ukutya endikuthandayo’, amabali ahamba nesandi njalo njalo.
- Ukupholisa umzimba nokuwuphumza umz. Ukulala phantsi ngomqolo, ukuphefumla, ukubona imibala

Ukuqamba nokutolika

- Ukwenza imiboniso emifutshane enezihloko ezifanelekileyo ezigxininisa ebalini
- Ukuqamba abalinganiswa abafanekileyo: ukubonisa umahluko phakathi kwabalinganiswa nezimvo zabo kwimiboniso emifutshane
- Isingqisho usebenzisa amagama angundoqo kwizihloko ezikhethiweyo umz. abantu besemsebenzini: ‘umchweli’ grwi - grwi- grwi ‘unosilarha’ tshwi - tshwi - tshwi nezinye
- Ukusebenzisa imizekelo efanelekileyo ngokukhwaza nokukhawuleza; ngokusebeza nokucotha
- Ukufunda iitshukumo zomdaniso waseMzantsi Afrika umz. Umdaniso weegambhutsi (gumboots dance)

Ubugcisa bokubonwayo - Iiyure ezili-10

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mabini (2D)

- Ukupeyinta umfanekiso wakho nowabanye bekwintshukumo (ukubaleka, ukutsiba, ukudanisa njalo njalo.) kuxoxwe ngemibala engundoqo nexutyiweyo sisebenzisa iimilo emgceni
- Ukuyila iipateni usebenzisa iimilo zejiyometri; kuxoxwa ngesingqisho nophinda-phindo

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3D) (ukwakha)

- Ukusebenzisa udongwe ukwenza nokuhombisa izikhongozeli; kuxoxwe ngeepateni neemilo zejiyometri, umgca, kuxoxwe ngokwakhiwa ngemvakalo yokubamba nobugcisa bokudibanisa obufanelekileleyo

IKOTA YESI-2 IBANGA LESI-2		
EzobuGcisa	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Jonga izixhobo ezidweliswe kwizaKhono zoBomi kwicandelo lesi-2

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-2. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezifundo zoBugcisa noBugcisa obuBonwayo

Ubugcisa obenziwa eqongeni - Iiyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Ukufudumeza ilizwi: ukuveza indlela yokubiza (imilebe, ulwimi, imihlathi) kwimidlalo ecingelwayo
- Ukufudumeza imizimba: iintshukumo ezichaseneyo usebenzisa ilizwi nezalathisi zezandi umz. 'Qina', 'Nyuka'
- Imidlalo enesingqi ugxininisa kwizakhono zokumamela ukhumbula uchasaniso kwiipateni zesingqisho
- Ukudlala imidlalo yokubambana/bebambana ixeshana bekhokelwa ngumculo/becula bonke
- Iintshukumo zamalungu omzimba okuhamba: ukuxhuma-xhuma, ukuziqhwalelisa, ukutsiba nokugqabadula ngabanye okanye nabalingane
- Iintshukumo uhleli ndawoninye: ukumatsha, ukuziqengqa, ukujiwuza, ukuzolula ngabanye okanye nabalingane
- Ukupholisa umzimba nokuziphumza: ukubonisa imo nezimvo ngentshukumo umz. Ukubhabha emafini, ukuziva usebuthongweni njalo njalo.

Ukuqamba nokutolika

- Umdlalo ulinganisa iipateni zesingqisho udibanisa neetshukumo zamalungu okuhamba umz. ukuqhwaba ngesingqisho sokuqabadula kwehashe, ukumatsha, ukutsiba-tsiba njalo njalo.
- Ukulinganisa iingoma ugxininisa kule miba : ukukhwaza usebeza, ukukhawuleza nokucotha
- Umdlalo wokulinganisa osekelwe kwisihloko okanye ibali elibaliswa ngutitshala, ukusebenzisana nomlingane bebolekisana ngeendima
- Ukusebenzisa ubuchule bokwenza idrama ukwenzela ukuphicotha indlela yokucinga novakalelo lwabalinganiswa umz. umdlali uyaqina (freeze), akrwecwe egxeni, acelwe ukuba adize imfihlo ngovakalelo lwakhe lwaloo mzuzu.

Ubugcisa bokubonwayo - Iiyure ezili-10

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mabini (2D)

- Ukuzoba upeyinte imifanekiso ezalana nesihloko sekota; gxininisa emgceni ngokukhululekileyo, ithoni, imvakalo, umbala
- Ukusebenzisa izixhobo esele zisebenzile nepeyinti engqindilili ukuzoba kumgangatho (phantsi); kuthethwa ngeemilo zejiyometri nezamalungu

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3D) (ukwakha)

- Ukwakha iimaski usebenzisa imathiriyeli esele isebenzile; kuxoxwa ngeemilo, imvakalo, nezakhono zokuchwela.

IKOTA YESI-3 IBANGA 2		
EzobuGcisa	**Ama-20 eeyure**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Jonga izixhobo ezidweliswe kwizaKhono zoBomi kwicandelo lesi-2

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-3. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezifundo zoBugcisa noBugcisa obuBonwayo

Ubugcisa obenziwa eqongeni - liyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Ukuzifudumeza umzimba umz. Ukugoba nokolula umqolo uhleli phantsi, ukuzisonga ube yibhola, uzolule njalo njalo.
- Ukuhla kancinci usebenzisa iinyawo (iinzwane-ibhola-isithende, ukugoba amadolo) uxhuma-xhuma, ukutsiba-tsiba, ukutsiba nokuziqhwalelisa njalo njalo.
- Iintsukumo zamalungu omzimba okuhamba: Ukubeka unyawo phantsi ubaleke ngokuziqhwalelisa ngabanye/nabalingane
- Intshukumo uhleli ndawoninye: ukujika, ukuwa, ukungqisha, ukukhaba eyedwa/enomlingane
- Ukumamela umculo nokuqaphela imo umz. ‘ukukhathazeka’, ‘ukonwaba’, ‘ukuzola’ ‘nokuba nemincili’
- Ukubebezelisa imilebe ngokulula; ukulinganisa imisebenzi yemihla ngemihla ugxininisa kubukhulu neemilo umz. Ukuchola ‘ilitye elinzima’ okanye ‘usiba olukhaphu-khaphu’ njalo njalo.
- Imidlalo egxininisa kwizifundo zokubala nokubhala umz. Iingoma zamanani, izicengcelezo, amabali, ukwenza iimilo zamanani ngentshukumo, ukubhala amagama ngeenzwane, (ukutsala, ukujija, ukuzolula, ukugoba, ukwenza uqulukubhode)
- Ukupholisa umzimba nokuwuphumza: ukulala ngomqolo siziqinise, senze amanqindi, sincamathelanise amagxa sikhulule zonke izihlunu siyekelele umzimba njalo njalo.

Ukuqamba nokutolika

- Ukuyila iiphaphethi (puppets) usebenzisa: iikawusi, iminwe, izithunzi
- Ukwenza umboniso ongowakho weephaphethi osekelwe kubalinganiswa abafanelekileyo
- Ukuyila izandi nezingqisho bekwimo ethile okanye bezenza umlinganiswa othile besebenzisa izixhobo abanokuzifumana
- Ukuphicotha iintshukumo ezenziwa ngabalinganiswa abaziiphaphethi umz. ‘ingonyama elambileyo ikhasa ichwechwa ifuna ukubamba impuku’ njalo njalo.

Ubugcisa bokubonwayo - liyure ezili-10

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mabini (2D)

- Ukwenza imizobo yeentaka, iintlanzi, izinambuzane, izirhubuluzi ngepeyinti njalo njalo. usebenzisa imibala-bala uze uyifake kwi-inki.
- Ukwenza imizobo yepeyinti yezityalo ozakhela yona neentyatyambo; kuxoxwa ngemibala engundoqo nexutyiweyo ugxininise kumagama athi; phambili, ngasemva, ngaphantsi
- Ukuzoba nokupeyinta umzobo onguwo okanye owoqikelelo; ukukhuthaza ukuqonda iimilo neenkcukacha; sichaza imizobo yethu
- Ukwenza imizobo usebenzisa iimodeli zezithuthi; ukhuthaze iimilo nemibala nochasaniso (umz. inkulu/incinci, inde/imfutshane)

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3D) (ukwakha)

- Ukusebenzisa imathiriyeli esele isebenzile: intlama yamaphepha ukwenza izixhobo ezinokusebenziseka: izikhongozi zamaqanda, izitya zezityalo njalo njalo. ukuhombisa usebenzisa iipateni; kuxoxwa ngeemilo zejiyometri nemibala-bala ukwakha izakhono zokuchwela.

IKOTA YESI-4 IBANGA LESI-2		
EzobuGcisa	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Jonga izixhobo ezidweliswe kwizaKhono zoBomi kwicandelo lesi-2

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-4. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezifundo zoBugcisa noBugcisa obuBonwayo

Ubugcisa obenziwa eqongeni - Iiyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Ukufudumeza umzimba: ukusebenzisa isangqa, ii-engile, amagophe namajiko-jiko
- Ukufudumeza ilizwi: usebenzisa iingoma nezicengcelezo ugxininisa ekunyukeni nasekuhleni kwethoni, ekukhawulezeni nasekucotheni
- Ukucula iingoma ngenjongo yokuphucula indlela yokucula
- Ukudibanisa iintshukumo zamalungu omzimba okuhamba nangengawo awokuhamba bajiwuzise baqabadule ngabanye okanye nabalingane
- Ukubebezelisa: ulinganisa imisebenzi yemihla ngemihla ugxininisa kubunzima, iimilo nezithuba umz. Ukubuthuma kwimiqolomba, ukhabe ibhola enkulu ebaleni
- Ukuqamba izandi usebenzisa ukunyuka, ukukhawuleza ukucothozisa umz. Ubonise imo okuyo
- Ukupholisa umzimba nokuwuphumza: umz. Ukushukuma kancinci ulandela umculo othuthuzelayo

Ukuqamba nokutolika

- Ukumamela umculo ze sichonge ukunyuka nokukhawuleza kwibali elibaliswayo umz. ‘udyakalashe nomvolofu’ njalo njalo.
- Ukuqamba iintshukumo ezifanelekileyo zabalinganiswa sisebenzisa amalungu omzimba ngokomgangatho wokutolika ibali umz. Udyakalashe nomvolofu
- Ukwenza umlinganiso weephaphethi ngokugxininisa kwincoko yeephaphethi ezimbini
- Ukuphicotha indlela yokucinga, umgangatho nonxibelelwano lweephaphethi - abalinganiswa abafana namagongqongqo, izilwanyana, amagqwirha, amakhosazana, njalo njalo.

Ubugcisa bokubonwayo - Iiyure ezili-10

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mabini (2D)

- Ukwenza imizobo yepeyinti ehambelana nezihloko zekota;kuxoxwa ngemibala, ithowuni, imvakalo, uchasaniso ,iimilo,

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3D) (ukwakha)

- Ukwenza iimodeli zodongwe

IKOTA 1 IBANGA LESI-2		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Amaphini, iibhola, iibhini bhegi, izithinteli, izikhongozelei njengezinto ekujoliswe kuzo

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-1. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezemiThambo , apho kufanelekileyo. Kungasetyenziswa neminye imisebenzi nemidlalo yesikolo. Mayilungiswe imisebenzi ukuze ilungele nabo banenkubazeko okanye abaneziphako zomzimba.

Intsukumo / ukuhamba

- Ukudlala imidlalo yesintu umz. Upuca
- Umdyarho weetapile
- Umdyarho weqanda necephe - phatha ibhola encinci ngecephe elikhulu ungayiwisi

Ukuqonda intshukumo

- Ukuphoselana ngeebhinbhegi abanye bagange
- Ukuphoselananokubetha iibhola bengamaqela ezibini

Isingqisho

- Ukutsiba ngaphaya kweentambo ezibekwe emgceni omnye - ukuphinda-phinda ubhekelise intambo kwenye
- Ukutsiba-tsiba ngentambo

Ukusebenzisana kwamalungu

- Ukuphosa iibhin-bhegi kumlingane
- Ukugqithisa ibhola phantsi kwemilenze yabanye umile omnye emva komnye

Ukuxhathisa

- Ukusebenza ngababini nijongene imilenze yomnye yoluliwe nokubamba iinyawo nibambene ngezandla nitsalane nityhalane phambili nangasemva nimi ngezithende zidityanisiwe
- Phinda ume, usebenzisa nityhalane ngezandla iinyawo zimi bhunxe emhlabeni
- Ukubamba ibhin-bhegi kumalungu owahlukeneyo omzimba uhamba emgceni
- Imithambo yokulawula, yokusebenzisana kwamalungu nokuxhathisa

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Ukuzolula nokuzisonga - wenze umzimba ube mde uphinde ube mfutshane

Icala

- Ukuqala imisetyenzana usebenzisa amalungu ongawasebenzisi kakhulu, iingalo nemilenze

IKOTA YESI-2 IBANGA LESI-2		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Iindidi zeebhola, oothinti, iibhin-bhegi

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-2. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezemiThambo , apho kufanelekileyo. Kungasetyenziswa neminye imisebenzi nemidlalo yesikolo.

Mayilungiswe imisebenzi ukuze ilungele nabo banenkubazeko.

Intsukumo / ukuhamba

- Imisebenzi yokulinganisa efana ‘ukulandela inkokheli’
- Ukubaleka uphethe okanye ungaphethanga khuni
- Ukubaleka uphethe okanye ungaphethanga khuni :ukubaleka nebhola ngokuyikhaba njalo kancinci; sidlale amagosogoso ngoothinti okanye izinto ezibonisa indlela
- Ukuziqeqesha kwindlela yokujongana neemeko: ezifana nomdlalo wamanqindi beguqile, ukuxhwila ibhola ingekafika komnye, njalo njalo.

Ukuqonda intshukumo

- Izakhono zokudlala ibhola: ukubhampisa ibholaumatsha endaweni nye
- Izakhono zokudlala ibhola: ukubethekisa ibhola eludongeni
- Izakhono zokudlala ibhola: ukubethekisa ibhola phakathi kwezithinteli

Isingqisho

- Ukutsiba-tsiba usebenzisa intambo okanye ngaphandle kwentambo, endaweni enye kumgama othile
- Ukugcina isingqi sengoma okanye ukubetha amagubu , ukushukumisa amalungu omzimba athile; intloko, iingalo, isinqe, imilenze neenyawo

Ukusebenzisana kwamalungu

- Ukusebenza nomlingane - uqengqela ibhola komnye aze yena ayikhabe ingekemi
- Ukujula ibhola enkulu kuloo ndawo kujoliswe kuyo
- Imisebenzi yokulinganisa - umz. ukukha ama-apile, ukwemba egadini, njalo njalo.

Ukuxhathisa

- Ukulwa ngamaqela okweenkunzi zenkuku/imiqhagi
- Ukudlala imidlalo elula umz. Ukuhamba uhambe ume /’yima’
- Ukudlala uguni/usikhoji/unochelezi/unochele

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Ukudlala umdlalo wesangqa ‘impuku nekati’
- Ukudlala imidlalo enemiqobo

Icala

- Ukuganga ibhola ngokwamaqela besebenzisa isandla esingasebenzi kakhulu
- Ukukhaba ibhola ngonyawo olungasebenzi kakhulu

Iindidi zemidlalo

- Imidlalo equka ukutsala-tsalana, ukutsiba, uhula-huphu
- Ukudlala imidlalo: umz. Nguka, ‘Ngubani ixesha, Ngcuka?’

IKOTA YESI-3 IBANGA LESI-2		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Izixhobo zokuthintela, iibhin-bhegi; iibhola ezizindidi ngendidi

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-3. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezemiThambo , apho kufanelekileyo. Kungasetyenziswa neminye imisebenzi nemidlalo yesikolo. Mayilungiswe imisebenzi ukuze ilungele nabo banenkubazeko.

Intsukumo / ukuhamba

- Umdlalo wemiqobo kuphethwe iibhin-bhegi ngezandla/ngamagxa/ ngenyawo/ ngentloko
- Ukuziqhelanisa nendlela yokujongana nexesha, umz. Ngokomyalelo katitshala…baleka…betha idesika…xhuma…yima… njalo njalo.

Ukuqonda intshukumo

- Ixesha lokulinganisa ngeendlela ezahlukeneyo zokusebenzisa iibhin-bhegi
- Imidlalo yokuqonda ulandele ipateni - ukubeka izinto ngokwendlela efanelekileyo, umz. Ukubaleka nok ubeka izinto ukuphawula iindawo kwindawo echaziweyo usebenzisa indlela efanelekileyo.
- Ukuganga uphose/ujule ibhola encinci

Isingqisho

- Ukubeka ujingi kwindawo yokugwencela utshela ngamandla
- Ukusebenzisa ukutshela, uhamba kwindawo yokugwencela

Ukusebenzisana kwamalungu

- Ukudlala umdlalo wesangqa/babaleke baya ngasekhohlo baphinde baye ngasekunene
- Ukusebenzisa ukutshela, ukusebenzisa ingalo uhamba kwindawo yokugwencela / yejangili jim

Ukuxhathisa

- Ukuxhathisa ngomlenze omnye
- Ukuxhathisa uhamba phezu kwentambo, kwamaplanga (uxhathise ngomlenze omnye; iingalo zoluliwe
- ‘Umdlalo wekari yeedonki’
- Uhula-huphu ujiwuzisa iingalo, isinqe nentamo

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Ukuqala imidlalo yokuziqengqa ubheka phambili nangasemva - cacisa ngokhuseleko
- ‘Ingcuka neegusha’ nisebenzisa indawo yokudlalela ngokupheleleyo
- Ukukhasa uthubeleze ‘kwitonela’ phantsi kwesitulo, okanye phantsi kwamavili eemoto

Icala

- Ukudlala umdlalo wesangqa/ukugibisela ibhola baye ngasekhohlo baphinde baye ngasekunene
- Iintshukumo yomzimba wonke macala onke umz. ukujula ibhola macala njengakumdlalo wombhoxo

Iindidi zemidlalo

- Yahlula abafundi ngokwamaqela bakhuphisane ngogqatso lonikezelwano/lwerileyi- cacisa imithetho nendlela esebenza ngayo
- Imidlalo yemveli ekhethwe ngabafundi

IKOTA YESI-4 IBANGA LESI-2		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Iintambo, iimpempe, iimethi, imidlalo ye-emere zamanzi, izixhobo zeqakamba yabaqalayo

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-4. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezemiThambo , apho kufanelekileyo. Kungasetyenziswa neminye imisebenzi nemidlalo yesikolo. Mayilungiswe imisebenzi ukuze ilungele nabo banenkubazeko okanye abaneziphako zomzimba.

Intsukumo / ukuhamba okanye intshukumo uhleli ndawoninye

- Ukutsiba phezulu; ukuhamba ngemitsi emikhulu; ukuhamba ngemitsi emifutshane; ukutsiba-tsiba; ukuxhuma-xhuma
- Umdlalo weembaleki - ukugqotsa
- Umdlalo weembaleki - ugqatso lonikezelwano/ irileyi

Ukuqonda intshukumo

- Oonotsheluza abaneendidi zamagama abonakalisa intsukumo - u kutsiba-tsiba, ukubaleka, ukuxhuma-xhuma, , ukuhlala, ukuphakama nokuma
- Umdlalo wentenetya neqakamba

Isingqisho

- Ukuhla unyuka kumanqwanqwa (steps) okanye iindlela zokuxhatha - imizuz eli-10
- Ukuqubha, imithambo yokuphefumla usebenzisa iiemere zamanzi

Ukusebenzisana kwamalungu

- Imithambo yokudada - ukulala ngomqolo ukhabe imilenze; ukulala ngesisu; ukukhaba imilenze ujiwuzisa iingalo njengaxa udada

Ukuxhathisa

- Ezembaleki - imitsi emide yemisebenzi yokuzilungiselela
- Ezembaleki - imitsi emifutshane yemisebenzi yokuzilungiselela

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Ukulandela izalathisi, umz. ‘hamba amanyathelo ama-6 ubheke phambili, ali-10 ubuye umva nama-3 uye ekhohlo. Yima. Yiya ecaleni uphithanisa imilenze. Xhumela phezulu ngomlenze omnye ka-6 nakali-9 ngomnye umlenze
- Ukutsiba-tsiba kwindawo elungiselelwe ukudlala uwedwa okanye nomlingane

Icala

- Ukuzolulela , phezulu nasemacaleni

Iindidi zemidlalo

- Ukudlala iindidi zemidlalo
- Umdlalo weqakamba wabaqalayo
- Imithambo yokuqubha - imidlalo yokuphefumla uziqhelanise nokuvuthela amaqam kumcinga wokufunxa usemanzini
- Abafundi bafaka ubuso babo emanzini bavuthele amaqam

IBANGA LESI-3

IKOTA YOKU-1 IBANGA LESI-3		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**Iiyure ezingama-30** (Iiyure ezi-3/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswe kwizaKhono zoBomi sebenzisa nezi zilandelayo: • Imifanekiso, amabali, izicengcelezo ezingeemvakalelo • Iiphaphethi neemaskhi • Ibhokisi yoNcedo lokuQala

- Ukusebenzisa ikhalenda yeklasi ukuxoxa ngosuku nangenyanga unyaka wonke
- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo kuloo kota. (Iiyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Okumalunga nam - Iiyure ezi-6

- Yintoni iziganeko ngokwamaxesha
- Iziganeko zobomi bakho - kuqukwa umhla wokuzalwa, wokuqala isikolo, isiganeko esinye esinika umdla
- Into enomdla yasebuncinaneni bakho

Isihloko: Imvakalelo - Iiyure ezi-6

- Izinto ezindonwabisayo nezindikhathazayo
- Ukuqonda uvakalelo - umsindo, uloyiko, ixhala, ukukhathazeka, isithukuthezi
- Iindlela ezilungileyo zokubonakalisa imizwa yakho/ uvakalelo lwakho
- Ukuxolisa - indlela yokucela uxolo

Qaphela: Sebenzisa imifanekiso, amabali, izicengcelezo, iiphaphethi neemaskhi

Isihloko: Ukhuseleko empilweni - Iiyure ezi-3

- UNcedo lokuQala olusisiseko malwenziwe kwiimeko ezifana nezi: ukumongoza, ukulunywa zizilwanyana, imikrwelo nokutsha
- Ezempilo nococeko olusisiseko: musa ukubamba igazi labanye abantu

Isihloko: Ukugcina umzimba wam ukhuselekile - Iiyure ezi-6

- Asikhuselekanga kumntu wonke
- Imithetho yokugcina umzimba wam ukhuselekile
- Ukuthemba imvakalelo yokuthi 'ewe' nokuthi 'hayi'
- Indlela yokuthi 'hayi' kwiindlela ezahlukeneyo zokuxhatshazwa
- Indlela yokuxela isenzo sokuxhatshazwa

Qaphela: Esi sihloko masigxininise kukhuseleko lokuxhatshazwa ngokwasemzimbeni nangokwesondo.

Isihloko: Amalungelo noxanduva - Iiyure ezi-6

- Amalungelo noxanduva lwabafundi
- Amalungelo noxanduva lwabanye:
  - Emakhaya
  - Esikolweni
  - Ekuhlaleni
  - Okusingqongileyo

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo - Iiyure ezi-3

IKOTA YESI-2 IBANGA LESI-3		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**Iiyure ezingama-30** (Iiyure ezi-3/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswa kwizaKhono zoBomi uya kusebenzisa nezi zilandelayo: • Imizekelo yokutya evela kwiintlobo ngentlobo zokutya • Ithala leencwadi/iincwadi zolwazi • Imizekelo yeendidi zezinto ezilahlwayo • Imigqomo yokugcina izinto ebezisebenzile eziza kuphinda zisebenze • Iilensi zeplastiki neeglasi zokwandisa izinto

- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo kuloo kota. (Iiyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Ukutya okusempilweni - Iiyure ezi-6

- Intlobo ngentlobo zokutya
- Iivithamini - iziqhamo nemifuno
- Iikhabhohaydreythi - isonka, umgubo wombona
- Iiproteni - amaqanda, iimbotyi, inyama namandongomane
- Iimveliso zobisi - ubisi, isonka samasi (itshizi), iyogathi
- Ukutya okunazo zonke izakha mzimba

Isihloko: Izinambuzane - Iiyure ezi-9

- Iimpawu zezinambuzane
- Iindidi zezinambuzane ezinjengempukane, ingcongconi, imbovane noqongqothwane
- Ukujonga ze uzobe izinambuzane
- Indlela ezisinceda ngayo izinambuzane
- Indlela eziyingozi ngayo ezinye izinambuzane

Isihloko: Umjikelo wobomi - Iiyure ezi-6

- Yintoni umjikelo wobomi
- Umjikelo wobomi:
- wezilwanyana ezincancisayo umz. inja
- izinambuzane umz. ibhabhathane
- izilwanyana ezihlala emanzini umz. isele
- iintaka umz. inkukhu

Isihloko: Ukusetyenziswa kwakhona - Iiyure ezi-6

- Kwenzeka ntoni kwizinto ezisebenzileyo ezilahlwayo
- Sebenzisa kwakhona (izinto ezinokusebenziseka kwakhona)
- Ukusebenzisa kwakhona (izinto ezinokusetyenziswa ekwenzeni izinto ezintsha)
- Ukuphungula (ukusebenzisa kancinci)
- Yintoni engenakuphinda isetyenziswe
- Ukusebenzisa kwakhona izinto ebezikhe zasebenza emakhaya nasesikolweni
- Ukwenza umgquba ngezinto ezibolayo
- Ukusebenzisa kwakhona amanzi

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo - Iiyure ezi-3

IKOTA YESI-3 IBANGA LESI-3		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**liyure ezingama-30** (liyure ezi-3/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswa kwizaKhono zoBomi uya kusebenzisa nezi zilandelayo: • Imifanekiso yeeplanethi - kuquka iPlanethi uMhlaba emajukujukwini • Amabali oosomajuku-juku nophando • Iimpawu neesimboli zengozi • Amalungu amadala osapho nabantu basekuhlaleni

- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo kuloo kota. (liyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Ukhuseleko kwiindawo zoluntu - liyure ezi-6

- Iindawo ekuyingozi ukudlala kuzo - kuquka iindawo zokulahla inkukuma, iziporo zikaloliwe, ezindleleni, apho kwakhiwa khona
- Ukukhwela oololiwe neetekisi ngokukhuselekileyo
- Iingozi zombane
- Izinto eziyityhefu nezinokuvutha
- Iimpawu ezisilumkisa ngobungozi

Isihloko: Ungcoliseko - liyure ezi-6

- Yintoni ungcoliseko?
- Iindidi zongcoliseko - olwamanzi, olomhlaba, olomoya nolwengxolo
- Ifuthe longcoliseko ebantwini
- Ifuthe longcoliseko kwindawo ezisingqongileyo

Qaphela: Ukuphonononga nokucocwa kweendawo - oku kuya kunceda njengentshayelelo kumsebenzi waphandle

Isihloko: Indlela ababephila ngayo abantu mandulo - liyure ezi-9

- Amabali namava abantu abadala emakhaya nabantu basekuhlaleni - kuquka ukutya, iimpahla nezithuthi
- Izixhobo ezisetyenziswa ngabantu abadala basemakhaya nasekuhlaleni - umz. izinto zokudlala, izixhobo zokupheka
- Ukuchongwa kwemifanekiso neefoto eziphuma kwincwadi yeefoto yasekhaya (ialbham yekhaya) neencwadi
- Indlela abantu ababephila ngayo mandulo nendlela ababephila ngayo namhla (utshintsho nokusaqhubekayo)

Qaphela: Mema amalungu amadala osapho nawasekuhlaleni ukuba eze esikolweni

Isihloko: Emajukujukwini -liyure ezi-6

- Umhlaba emajukujukwini - indlela okhangeleka ngayo (umhlaba, ulwandle, amafu)
- Iinkwenkwezi neeplanethi - zizintoni
- Amagama eeplanethi
- Iteleskophu
- Ukutyelela emajukujukwini
- Iisathelayithi nolwazi esilulufumanyo

Qaphela: Ukuba ninakho, tyelelani iplanatheriyam okanye isakhiwo sokulolonga isibhakabhaka (iobservatory)

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo -liyure ezi-3

IKOTA YESI-4 IBANGA LESI-3		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**Iiyure ezingama-30** (Iiyure ezi-3/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswa kwizaKhono zoBomi uya kusebenzisa nezi zilandelwayo: • Iiflowu-tshati ukubonisa amanqanaba inkqubo • Ulwazi/Ithala leencwadi nemifanekiso • Amaphephandaba neengxelo ngeziganeko eziphuma kumabonakude • Amabali angezilwanyana ezinceda abantu

- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo kuloo kota. (Iiyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Imveliso neenkqubo - Iiyure ezi-6

- Izityalo
  - Sifumana ntoni kwizityalo
  - Inkqubo - zivela kumwoba ibe yiswekile
- Umhlaba
  - Sifumana ntoni emhlabeni
  - Inkqubo - ukususka kudongo ukuya kwisitena

Isihloko: Iintlekele nokufuneka sikwenzile - Iiyure ezi-9

- Iindidi zeentlekele
  - Izikhukula
  - Umlilo
- Ezinye izehlo
  - Umbane wezulu
  - Inyikima
  - Iziphango/ izichotho nenkanyamba

Qaphela: Sebenzisa amava abo, iingxelo zamaphepha-ndaba nezoomabonakude ezimalunga nentlekele

Isihloko: Izilwanyana nendalo eluncedo kuthi - Iiyure ezi- 9

- Iizlwanyana ezisinika ukutya nempahla
  - Iinyosi
  - Iinkukhu
  - Iinkomo
  - Iigusha
- Izilwanyana ezisisebenzelayo
  - Izinja- ezikhokela iimfama, oolindikhaya, ezijojayo
  - Iidonki namahashe

Qaphela: Fumana ze ufunde amabali ngezinye izilwanyana ezinceda abantu umz. Iinguza (dolphins)

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo - Iiyure ezi-3

Ukuqinisa kwizihloko ezenziwayo nezilungiselela ukungenela iBanga lesi-4 - Iiyure ezi-3

IKOTA YOKU-1 IBANGA LESI-3		
EzobuGcisa	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Bhekisa kwizixhobo ezidweliswe kwizaKhono zoBomi kwicandelo lesi-2

Lo mxholo ungezantsi mawugqitywe wonke kule kota yoku-1. Chonga izihloko zezaKhono zoBomi ezifanelekileyo kule kota ukunika umxholo wesifundo kwezobuGcisa nezo zobuGcisa obuBonwayo .

Ubugcisa bokwenza eqongeni - Iiyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Ukuzifudumeza: ukusebenzisana kwamalungu omzimba azimeleyo umz. ukujiwuzisa iingalo
- Ukuzifudumeza ngokugqala ekuphefumleni: umz. 'ukuzoba ngomophu womphefumlo', 'ukukhefuzela okwenja' njalo njalo.
- Ukufudumeza ilizwi nokucula iingoma (ukucula kunye, ukucula iingoma ekuphendulwanayo kuzo) eziculwa kakukuhle nangexesha
- Imidlalo yedrama: ukwenza unxibelelwano unobangela nefuthe umz. imidlalo yokubala neyamagama, njalo njalo.
- Ukudlala iipateni ezinesingqi neepateni ezilula ezinesingqi neziphinda-phindayo ngezi-2, izi-3 okanye ngesi-4 ngezixhobo ezibethanayo.
- Iintshukumi zamalungu okuhamba: ukutsiba-tsiba/ukuqabadula ubheka phambili, ngasemva nasemacaleni ujika kwiindledlana ezahlukileyo (isangqa nemilo ka-S, njalo njalo.)
- Iintshukumo zamalungu omzimba uhleli ndawoninye: ukugoba, ukunyuka, ukufikelela, ukusebenzisana kweengalo nemilenze ihambelana nomculo
- Ukupholisa umzimba nokuwuphumza umz. Ukuvakalisa imo nezimvo usebenzisa iintshukumo

Ukuqamba nokutolika

- Ukumamela umculo waseMzantsi Afrika (owemveli nowasentshona) ugxininisa kwisingqi ubetha ka-2, ka-3 okanye ka-4
- Ukwenza iipateni zesingqi (inowutheyishini okanye amagama eenowuthsi zesiFrentshi okanye amanqaku abhalwayo) esihambelana nesemibrivu, iiminimu, iikrotshethi, iikhweyiva neeresti, usebenzisa ukungcangazelisa ilizwi
